

ILIZWI LOMQONDISO



Masime nje ixeshana elimbalwa Ebukhweni beNkosi. Masifunde eLizwini Lakhe, kwi Eksodus, isahluko 4.

...Waphendula uMoses wathi, Kodwa, uyabona, abayi kukholwa ndim, abayi kuliphulaphula izwi lam: kuba bayakuthi, uYEHova akabonakalanga kuwe.

Wathi uYEHova kuye, Yintoni na loo nto isesandleni sakho? . . .wathi, Yintonga.

Wathi, Yiphose emhlabeni. Wayiphosa emhlabeni, yasuka yaba yinyoka; wayibaleka uMoses.

Wathi uYEHova kuMoses, Solule isandla sakho, uyibambe ngomsila. Wasolula isandla sakhe, wayibamba, yasuka yaba yintonga esandleni sakhe:

Ukuze bakholwe ukuba uYEHova uThixo wooyise, uThixo ka Abraham, uThixo ka Isake, uThixo ka Yakobi, ubonakele kuwe.

Waphinda wathi uYEHova kuye, Khawusifake isandla sakho esifubeni sakho. Wasifaka isandla sakhe esifubeni sakhe: kwaye, akusirhola isandla sakhe, naso, sineqhenqa njengekhephu.

Kwaye wathi, Sibuyisele isandla sakho esifubeni sakho kwakhona. Wasibuyisela isandla sakhe esifubeni sakhe kwakhona; wasirhola esifubeni sakhe, saza, sabuye saba njengeniyama yakhe.

Kuyakwenzeka oku ukuba abathanga bakholwe nguwe, abaliphulaphula lona izwi lowokuqala umqondiso, bokholwa lilizwi lomqondiso wamva.

Kuyakwenzeka oku, ukuba abathanga bakholwe nguwe, yile miqondiso mibini, abaliphulaphula nezwi lakho, wothabatha amanzi omlambo, uwaphalazele emhlabeni owomileyo: osuka amanzi owathabathileyo emlanjeni abe ligazi e . . .mhlabeni owomileyo.

² Masithobiseni iintloko zethu sithandaze. Ngoku unesicelo, ekuhlweni, ongathandayo ukusazisa kwiNkosi, phakamisa nje izandla zakho uthi, “Nkosi, ndikhumbule ngoku. Ndinesidingo.”

³ Bawo wethu waseZulwini, sisondele kuWe kwakhona ekuhlweni, siqonda ukuba njengokuba sizithobisele intloko zethu ebumdakeni apho siphuma khona, kwaye, ukuba Ulibazisile, sokubuyela emva eluthulwini. Kodwa ngethemba elisikelelekileyo lesithembiso eliku kuKristu, lokuba bonke abo bakuThixo uKristu Uyakuza nabo. Si—siyabulela Kuwe

ngesisithembiso sizukileyo. Kwaye ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uyakukhumbula ngabanye kwabo baphakamise izandla, nesam ngokunjalo, Nkosi.

⁴ Ndiyathandaza, ekuhlweni, ukuze ekuvalweni kwaleyure yokholo, ukuba Uyakubanika abantu olokholo ekuhlweni, lokuba iNkosi uYesu uyakuba ngowenene kuthi sonke ngabanye, ukuze kungabikho namnye utyhafileyo phakathi kwethu emva kobubusuku. Wanga wonke umoni angaqonda ukuba useBukhweni beNkosi uYesu, kwaye aguquke kwizono zakhe aze, anikezele ngentliziyo yakhe kuWe, azaliswe nguMoya; kwezi yure zingcolileyo zokugqibela, njengoko siyibona njengesithunzi esikhulu sirhubuluza emhlabeni.

⁵ Siyathandaza, Thixo, ngoluleko oluNgcwele, ngobubusuku, ngokuthethwa nangokuviwa. Wanga uMoya oyiNgcwele angathatha lentlangano ngoku aqhekeze iSonka soBomi kuthi sonke ngabanye njengoko sinezidingo, sikucela oku eGameni laKhe. Amen.

Ningahlala phantsi.

⁶ Ndiyathemba ukuba ngobubusuku nje siyakukwazi ukukuzuzisa oko sizama ukwenza abantu babone, i—inyaniso yokuba nokholo kuThixo.

⁷ Ngoku, ngomso emva kwemini ngecala emva kweyesibini, bonke abo banamakhadi okuthandazelwa bazakuthandazelwa. Kwaye size siqiniseke ukuba akukho mntu ushiyiweyo ngaphandle, engenamakhadi okuthandazelwa, qho ngobusuku sikhupha amakhadi athile okuthandazelwa. Kwaye uzakuwakhupha kwakhona ngomso, malunga...ndicinga, malunga necala leyokuqala okanye into enjalo, nje phambi kokuqala komhlangano. Kwaye bonke abo banqwenela ukuthandazelwa, nabani kwenibathandayo, mabeze bafumane ikhadi lokuthandazelwa. Bayakuba ngokuqinisekileyo ba—bamkelekile kwikhadi lokuthandazelwa. Kwaye siza...

⁸ Ndizakuthandazela abantu, ngokubeka izandla kubo ndize ndibathandazele. Ngoku ukuba ukholo lwakho alunakunyuka eBukhweni beNkosi uYesu umamkele Yena njengomphilisi wakho, kwaye ukholwe ukuba xa sithandaza sabeka izandla phezu kwakho, ukuba oko konceda, kuhle, silapha ngenene ukwenza yonke into oyingqwenelayo.

⁹ Isizathu sokuba ndiwuyeka de kube ngokuhlwa, kade, ukubona ukuba wonke endinokuba, onokukwazi ukufika kwaye amfumane uThixo kuloo miba. Kwaye asinawo ngobuninzi. Kukho...Isakhiwo asisikhulu, kwaye ke asinabantu baninzi. Kwaye singathatha ngomso emva kwemini sithandazele bonke esinabo apha, sibekele imvakwemini okwesosizathu, ukuthandazela abagulayo.

¹⁰ Kwaye silapha ukwenza konke esinokwazi ukunceda senze ubomi bubengconwanyana kuwe, ukuphungula umthwalo, koluhambo siluhambayo.

¹¹ Kwaye nangaliphi na ixesha, ukuba nokuba ngubani eziva ukuba—ukuba bangathanda ukuza kwiNkosi Yesu, nokuba kumaxa kundawoni na ekuqhubekeni kwenkonzo, yiza nje wena ngoko nangoko. Sukulinda de kubizwe isiguqo. Sukulinda de kwenziwe isimemo. Yiza nje ngoko nangoko, wamkele uKristu, kwaye uze apha uze uvume Yena ngoko nangoko. Ngoba kuyeyona njongo yethu yokubalapha, kukubona imiphefumlo izalelwa eBukumkanini bukaThixo.

¹² Kwaye ngoku, ngomso yiCawa, kwaye kuzakubakho isikolo seCawa, iinkonzo. Isizathu sokuba sibe neenkonzo zethu emva kwemini, ngeCawa, kukuba singaphazamisi nanye inkonzo. Sikholelwa ukuba wonke umKristu kufaneleke ukuba abe ne—nenkonzo yasekhaya abahamba kuyo. Wonke uMkristu kufaneleke ukuba adibanele ndaweni ithile kunye namakholwa. Kwaye naphina apho nidibana khona, leyo yinkonzo.

¹³ Ngoku, ukuba bendihlala apha, bendiyakubalilungu lenye yezinkonzo apha, kuba aba balusi apha, abasebenzisanayo, abakumeleyo. Kutheni? Ngokuba balapha behleli eqongeni, ukuze babonwe ngabo bonke abantu, ukuba bavumelana noku kuqhubekayo. Bakholelwa kulendlela yolungiselelo, impiliso eNgwele, uBhaptizo lukaMoya oyiNgwele, nokunjalo. Balapha benika ubungqina kuyo. Bangaba bandimemileyo ukuza apha, ukuba mhlawumbi ulungiselelo iNkosi endinike lona lunganceda ibandla labo.

¹⁴ Ngoku ngumlungiseleli wenene, okhangelayo konke anako kwinzuzo kamoya, yonke into uThixo ayenzayo, kuba uzama ngako anakho ukunceda inkonzo yakhe ukuba iqhubekeke kuThixo. Ngokuqinisekileyo ndimothulela umnqwazi ukumncoma umlungiseleli onjalo.

¹⁵ Kwaye la madoda akwenza oko phantsi kobunzima, ngokunjalo. Ungakholelwa ukuba oko kuyinyani. Bamelwe kukwenza oko phantsi kobunzima. Kwaye ndi—ndiyabulela kakhulu ngendoda enjalo kaThixo, okulungeleyo ukuthabatha indawo yakhe nesithuba kumsebenzi wakhe ngokuzibophelela, ba—bakholwe. Thixo basikelele oko!

¹⁶ Kwaye ndiqinisekile ukuba bayakwenza okulungileyo kuni. Ngoku, ukuba ungumhambeli apha, fumana ukuba ziphi iinkonzo zaba bazalwana, zindawoni. Zihambele ngomso. Bayakuba neenkonzo ezikhethekileyo, kwaye kukho abashumayeli apha abazakuthetha kwiinkonzo ezahlukeneyo, kwaye njengoko bekupapashiwe. Ngoko yiba kubo ngomso.

¹⁷ Kwaye ngoko ngomso emva kwemini, ukuba ungathanda ukuza kwinkonzo yokuvala, siyakuvuya ngokuqinisekileyo

ukuba nawe. Zonke iinkonzo, onke amahlelo, yeyomntu wonke. Wonke umntu wamkelekile; amaWesile, Bhaptizi, Rhabe, abakwaMoya, ibandla likaKristu, ibandla likaThixo, Katolika, Abomthetho wobuJuda, abangenankolo, nokuba uyintoni na. Si . . . Uyamenywa.

“Uthi, ‘Ongenankolo?’” Ewe, mhlekazi.

¹⁸ Ukuba ongenankolo angeza kulentlangano aze ahlale phantsi kwaye aziphathe kakuhle, wamkelekile njengamntu wonke. Kulungile. Enye into, yilonto simfunela yona apha, ukuze kwenzeke into eyakumnceda abone impazamo zakhe, eze eNkosini. Kuba si . . . Ngokuqinisekileyo.

¹⁹ Bangaphi abakhe bafunda umbonwana opapashwe kulindexsha waMadoda angooSomashishini baMakristu, kwaye ndiyakholwa zezimbalwa ezininzi zeencwa- . . . , ye, *Jonga Ngaphaya koMkhusana We Xesha?* Ngoku oko kuyinyani, sihlobo. Akunakulunga ukukuphosa oko. Ndi—ndibe ngumntu owohlukileyo ukusuka ngoko. Ndiyazi ukuba kuyinene, ngoko ndi—ndi—ndiyathemba nje ukuba akukho namnye oyakuliphosa olwaZulu lukhulu uThixo alibekela amakholwa. Ukuba wenzile, uzuze ntoni apha emhlabeni? Kuba, akulazi leliphi ixesha oyakufuneka ulishiye ngalo elihlabathi. Kodwa wazi ntonye, uqinisekile ukuba kuyakufuneka ulishiye. Ngoko ukuba oko kuyinyaniso, asingebi siziziyatha ukuzama uku—ukufumana nje nge . . . Asinakulunga ukuthatha naliphina ithuba. Yabona, khumbula nje, kholwa liLizwi likaThixo naso sonke isithembiso Esikulo.

²⁰ Cinga nje, yintoni ebangela sonke isigulo, yonke intliziyo ebuhlungu, konke ukufa, yonke ingxaki, yonke intlungu, okukuncinci ukuxhuzula komntwana, zonke ezizinto, abakhubazekileyo, ubumfama, sonke isibhedlele sakhiwe? Kuba umntu omnye nje zange akholwe yinxalenye encinci yeLizwi. Yayingu Efa. USatana waligquma kuye. Hayi ukulicaphula, kodwa ukuligquma kuye, wathi, “Ngokuqinisekileyo . . . iNkosi ilunge kakhulu.”

²¹ Uva kakhulu namhlanje malunga nayo yokuba, uThixo enguThixo olungileyo. UnguThixo olungileyo, kodwa khumbula UnguThixo wobungwele, uThixo ongenakusigqitha isono. Umvuzo sowuhlawulwe, kwaye kufuneka uwamkele kwimihlaba Yakhe. Kwaye khumbula, UnguThixo womsindo, uThixo wengqumbo. Kwaye uyakuma phambi koThixo ocaphukileyo, hayi nje uThixo wobulungisa nenceba. Ngobu busuku Ungu Msindisi wakho; ngaloo Mini Ungu Mgwebi.

²² Kwaye qiniseka ukuba akushiya nanye into engenziwanga, sihlobo. A—ayisayi . . . Ayisayi kuhlawula. Suku—suku bhuduzela nje uye kuyo. Qiniseka, ngokuphindiweyo qiniseka, ngoba akufumani elinye ithuba. Kuphela kwethuba lakho, xeshikweni uselapha emhlabeni.

²³ Khumbula indoda esisityebi noLazaro, kwakukho umsantsa phakathi kwakho naYe, ekwakungekho mntu wakhe wawunqumla, okanye oyakuwunqumla. Yabona? Xa u—xa usifa, kugqityiwe. Ndiyazi ukuba abantu babanga ukuba bayakuthandazela ukubuyisa kwezo ndawo, kodwa ungaze uyikholelwe lonto. Ichasene neLizwi likaThixo. Yabona? “Indlela umthi ogobe ngayo, yilondlela uwa ngayo.” Kwaye UYesu wathi, Ngokwakhe, ukuba, “Kwakukho umda, ukuze, xa indoda itha yafa yaza yaya esihogweni, akasayi (soze) aye eZulwini. Akukho ndoda yakhe yawunqumla, kwaye ayisayi kubakho.” Kugqityiwe, njengoko ndicinga ngako. Xa uYesu wathi yayiyi lonto, yilonto yonke.

²⁴ Ngoko nje khumbula, ngoku lithuba lakho, lingaba lithuba lakho lokugqibela ebusuku nje.

²⁵ Ungakwazi ukuqonda ukuba kwenzeka ntoni? Ukuba ungayibona nje! Ndiyathemba ukuba akucingi ukuba ukuthetha ngolohlobo, ukuba ndizama ukukuphembelela ukuze ujonge ndodeni ithile, okanye ukholelwe kwindoda ethile. Andenzi lonto, sihlobo. Ndizama ukufumana wena ukuba ukholwe ukuba Ngubani lo siseBukhweni bakhe ngoku. UYesu Kristu, oyena Thixo oyakukugweba ngaloo Mhla, ulapha ezazisa Yena ebukhweni bakho, eyona nto Wayithembisayo Uyakuyenza kulemhla yokugqibela.

²⁶ Ndinga uMzalwana uPrice, kusasa nje kwisidlo sakusasa, enika eyona ngcaciso malunga nokuza edolweni, ze kufuneka ujike idolo. Niyonwabele lo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Ngokuqinisekileyo yenzile. Ibi bekwe kakhulu, kakuhle kakhulu.

²⁷ Ngoku, ngoko khumbula, ngamanye amaxesha edolweni, kodwa masikhumbule kufaneleke ukuba sijike kulamadolo. Ndakhe ndashumayela ngalo nto, ngelinye ixesha, ndayibiza, *Iziphambuka*. Sibetha isiphambuka, kwixesha elininzi, kuyafuneka ukuba sihambe *ngalendlela nangedlela ezahlukeneyo*.

²⁸ Ngoku ngobubusuku, kwimizuzu embalwa ezayo, ndifuna ukuthatha isihloko se—se: *ILizwi LoMqondiso*. Kwaye ngoku umboniso wethu uyavuleka, ngobubusuku, kwiNcwadi ye Eksodus, kwaye i-*eksodus* ithetha “ukuphumela ngaphandle; ukukhutshwa.” Ngoku zama ukuphulaphula ngokuzondelela kangangoko unako.

²⁹ Ndingathanda ukushumayela kuni ngelinye ixesha, ningabaphulaphuli abalungileyo, ntonje andinalizwi. Ukubulaleka nje kancinci kulo nto, kwaye ndiyazi ukuba ingaba yintoni. Ndifanele ukuphumla okwethutyana ngoku, kangesibhozo okanye ishumi leentsuku, phambi kokuqala intlanganiso elandelayo. Yabona, ayile ntlanganiso nje inye

apha. Yintlanganiso, usuku emva kosuku, iveki emva kweveki, inyanga emva kwenyanga, unyaka emva konyaka, yabona, kwaye ungacinga.

³⁰ Kwaye cinga ngawo onke amaxesha, unyaka emva konyaka, zange kubekho nalinye ixesha apho Wakhe wathetha into kodwa oko kwakugqibelele, ngokuqinisekileyo inyaniso; kuzo zonke iilwimi, kwilizwe lonke, amaxesha asixhenxe. Yabona? Akukho ndoda, naphina, engatsho kodwa oko kugqibeleleyo, ngqo kwisingxi, ngalo lonke ixesha. Xa Esithi into ethile iyakwenzeka, yenzeka ngqo nje ngalo ndlela. Uyixela ngeeveki na ngeenyanga, kwaye noonyaka, nanga, phambi kokuba yenzeke, kwaye isoloko igqibelele ukuya kwisingxi. Azange nalinye ixesha kwakha kwasilela, kwaye ayisayi, ngoba nguThixo. Ngoku, ndingasilela, njengendoda. Ungaze ujonge kum ngokomzekelo, ngokuba ndi—ndinjengawe nje, umoni nje osindiswe ngobabalo. Kodwa nguThixo, ongaphezu kwendalo, yabona, ebonakalisa Yena. Akanyanzelekanga ukuba ayenze lo nto, kodwa Wathembisa ukuba Uyakuyenza.

³¹ UYesu waphilisa ukuze kuzaliseke iLizwi. Wazenza ezo zinto khona ukuze iLizwi likaThixo lizaliseke.

³² Yilonto Ayenzela yona namhlanje, ukuba iLizwi lizaliseke, endinicaphuleleyo kulo, ubusuku emva kobusuku.

³³ Ngoku qaphela ngoko xa uBukho Bakhe busondele, Bu, ngokuqinisekileyo Buzisa imvakalelo. Njengoko bendithethile ngale ntsasa, “Yonke into ngaphandle kwemvakalelo ifile.” Kwaye nayiphi na inkolo engenamvakalelo ithile kuyo, kungcono ukuba uyingwabe, ifile. Izisa imvakalelo. Uyasivuselela. Kodwa xa sivuselelwe, masikhumbule Yintoni esivuseleleyo. Yenziwe yintoni? Bubukho bukaMoya oyiNgcwele, uYesu Kristu phakathi kwethu, ezibonakalisa Ngokwakhe ukuba Uyaphila. Hayi umzimba wenyama; xa elo xesha, loo mzimba wenyama ubuya usuka eZulwini, akusayi kubakho xesha. Yilonto yonke. Kwaye siyazi ukuba siphakathi, siphila kwimihla yokugqibela, xa ezizinto kufaneleke zenzeke.

Ngoku, UThixo waba nee-eksodus ngaphambili. Kukho i...

³⁴ Yonke into ihamba ngokwesithathu, kuThixo. UThixo ugqibelele kwisithathu. Ukuza okokuqala kuka Kristu, ukuza *kuhlangula* uMtshakazi Wakhe; ukuza kukaKristu okwesibini, *ukwamkela* uMtshakazi Wakhe; ukuza kwesithathu kukaKristu, *kunye* noMtshakazi Wakhe, ukuza kulawula “kwiMillennium” [Isigaba sewaka leminyaka yolonwabo.—Xhosaj]. Yonke into ibaleka ngokwesithathu.

³⁵ Ngoku, kwakukho, kuyakubakho, ii-eksodus ezintathu. Enye yazo, UThixo wabangenisa *ngaphakathi* emkhombeni,

ukwenzela i-eksodus, ukuqabela ngaphezu komhlaba. Kwixesha elilandelayo, uThixo wabakhuphela *ngaphandle* kuyo i—iYiphutha. Kwaye kwixesha elilandelayo, uThixo ubanyusela *phezulu*. Ngaphakathi, ngaphandle, phezulu! I-eksodus elandelayo ibheka phezulu. Sijonge enye ngoku, ixesha lokubheka-phezulu.

³⁶ Ngokunjalo nobomi benza into enye. Siyeza *kubo* ubomi, siphume *ngaphandle* kobomi, sivuselwe ebomini, nje into enye ngqo. Ngoko si . . .

³⁷ Umboniso wethu uyavuleka ngobubusuku kwi eksodus, kwaye uThixo wayelungiselela ukuthatha isizwe Sakhe.

³⁸ USirayeli sisizwe. UThixo akasebenzi ngoSirayeli ngokomntu omnye. USirayeli sisizwe, usoloko esebenza ngabo. Kwaye kwimihla yokugqibela, emva ko—kokumka kwebandla, ngoko andule uThixo ukumsindisa uSirayeli njengesizwe. Ukumhlaba wasekhaya ngoku, ulungele lo nto. Kwaye uyakusindiswa, iBhayibhile itsho, “Isizwe siyakuzalwa ngemini.” UThixo akasebenzi ngamaJuda ngokomntu omnye. Usebenza ngabo ngokwesizwe, uSirayeli, okokoko, ngokuba usisizwe Sakhe.

³⁹ Kwaye apha Ulungiselela ukukhupha isizwe Sakhe ngaphandle kwesizwe, kwi-eksodus, ukukhupha abantu Bakhe emgwebeni.

⁴⁰ Kwaye kwalo manzi aluntywiliselayo ihlabathi, amsindisa uNowa. Yabona? Kwaye kwa loo Moya uyiNgcwele, abantu abamalayo namhlanje, uyakulamkela iBandla alinyuse Lona, azise umgwebo kwabangakholelwayo Kuye. Watsho uYesu.

⁴¹ Xa babebiza Yena, “Bhelezebhule,” ngamanye amazwi, “Wayengumvumisi.” Ba . . .

⁴² Wathi, “Ndiyakunioxolela ngalo nto,” uNyana womntu. Idini lalingekenziwa. “Kodwa xa athe weza uMoya uyiNgcwele ukuzakwenza kwa ezizinto, ilizwi elinye elimchasileyo Yena alisokuze lixolelwe kwelilizwe nakwelizayo ilizwe.” Kufaneleke ukuba waliwe, ze umgwebo ufike emva koko. Yabona, ingxaki si . . .

⁴³ Kundibeka kwingcinga yebali endakha ndalifunda ngelinye ixesha, yomatiloshe omdala esuka elwandle, kwaye i—imbongi yesiNgesi encinane yayisiya elwandle. Kwaye ngoko imbongi yayibhale kakhulu ngolwandle, kodwa zange yalubona, ngoko waye esendleleni yakhe esihla. Yaze yathi lotyuwa indala kuye, inenqawa yayo emfutshane emlonyeni wayo, yathi, “Uyaphi na, mfo wam olungileyo?”

⁴⁴ Wathi, “Ndiya ezantsi elwandle.” Wathi, “Andizange ndilubone. Ndabhala ngalo, kunye nokwatshiwoyo ngabanye, kodwa,” wathi, “owu, ndithabathekile kakhulu ukwazi ukuba ndikufutshane kulwandle.” Wathi, “Owu, ukujojisa

ityuwa yalo emtyuba! Ukubona ubukhulu balo, ubumhlophe bomphezulu butyhalela bugqabhukela ngaphezulu, kunye nesibhakabhaka esiluhlaza sizibonakalisa, uve nentaka zaselwandle njengoko zibhabha zinqumla, owu, ndithabathekile kwingcinga yokulubona!”

⁴⁵ Wathi utyuwa endala, “Ndazalelwa kulo, kwiminyaka engamashumi amathandathu eyagqithayo, andiboni nanye into entle ngalo.” Yabona, wayebone kakhulu ngalo de yayinto eqhelekileyo kuye.

⁴⁶ Ngoku yilento iyingxaki kwinkonzo yakwaMoya namhlanje. Zibone kakhulu ngoThixo, de uThixo waqheleka kubo. Ungaze uyivumele lo nto!

⁴⁷ Naku kungekudala, eLouisville, Kentucky. Apho ndisuka khona, Jeffersonville, Indiana, ikukunqumla umlambo ukusuka kuyo. Inenekazi lalihamba kwivenkile yeshumi lesenti. Kwaye (waye) enenkwenkwana encinci engalweni yakhe, kwaye wayesiya ezitafileni zokuthenga kwaye esibandlongo-ndlongo. Ubeyakuchola into, ayibonise inkwenkwana encinci; isuke ihlale nje kwaye ijonge. Asuke ahambe aye kwenye itafile yokuthenga, achole into ayibonise inkwenkwana; isuke ijonge nje. Kwaye emva kwethutyana, wachola intsimbi encinci waze waqalisa ukuyikhalisa, yasuka inkwenkwana encinci yajonga nje. Waqalisa ukukhala, walahla izandla zakhe phezulu. Baye abantu kwivenkile yeshumi lesenti bebembukele, ngoko baya kuye ukuqonda okwakungalunganga.

⁴⁸ Wathi, “Be’...Inkwenkwana yam encinci,” wathi, “unesithathu kuphela seminyaka.” Waza wathi, “Ndi...Konke ngaxeshanye, malunga nonyaka ogqithileyo, uthatha kwaye asuke ahlale nje ajonge esithubeni.” Waze wathi, “Nda—ndamthatha ndamsa kugqirha,” waza wathi, “waza ugqirha wambhalela unyango nezinye ezithile izinto.” Waze wathi, “Waze ugqirha wandixelela, namhlanje, ukuba ebecinga ukuba ungcono. Kodwa,” wathi, “akakho ngcono.” Wathi, “Ndishukumise yonke into phambi kwakhe, ekufanele ukuba itsala umdla kwinkwenkwana yale minyaka yakhe, ’mdla. Yonke into efanele itsale umdla womntwana omncinci okuleminyaka yakhe, ndiyishukumisile phambi kwakhe, kwaye usuka ahlale ajonge esithubeni.” Wathi, “Akangconwanga.”

⁴⁹ Iyilonto ifana necawa yakwaMoya. UThixo ushukumise sonke isipho, eBhayibhileni, phambi kwabo, kwaye basahleli kujonge esithubeni, nje ngokungathi ibiyinto engalunganga. Belixesha lokuba sivuke, zihlobo, phambi kokuba semvakwexesha. Khumbula, uThixo akazishukumisi ezozipho de Abe uzama ukutsala umdla wakho.

UThixo wayekhupha isizwe esizweni.

⁵⁰ Njengoko Esenza ngoku, uzakukhupha uMtshakazi ebandleni, ashiye intsalela yembewu yomfazi. Abanyulwa bayakukhutshwa ebandleni. Ibandla lenyama liyakuhlala apha kuyo imbandezelo. La *monyulwa* ngelinye ixesha ubizwa “ngo khethiweyo, onyuliweyo, intsalela.”

⁵¹ Masijonge ukuba Wenza njani ngoko, ngokuba Akazange ayitshintshe indlela Yakhe yokwenza izinto. UThixo unendlela enye yokwenza izinto, kwaye yindlela Enza ngayo, kwaye yindlela elungileyo, okoko. Bona Wayenza njani, nedlela Awenza ngayo kuyo, kwaye ngoko singafumana ufifi loku ngoku.

⁵² Ngoku, ndingozekelisayo, ngokuqinisekileyo. Andinamfundo. Kufuneka ndijonge emva ndibone Akwenzileyo. Kwaye sifundisiwe ukuba, “ITestamente Endala yayisisithunzi sezinto ezazizakuza.” Ngoku ukuba ndijonga apha ndingazange ndisibone isandla sam, ze ndibone isithunzi sesandla sam, ndaye ndineminwe emihlanu, ndakuba nombono othile olungileyo wokuba xa isandla sam sithe safika phaya, ndakuba neminwe emihlanu. Ngoko okwenzeka kubo yayiyimizekelo yokuba uThixo uzenza njani izinto, indlela leyo Azenza ngayo ngoku.

⁵³ Kwaye indlela Ayenza ngayo lonto, Akazange aguquke kuyo. Xesha ngalinye, kwiBhayibhile, Akazange waguqula indlela Yakhe yokwenza izinto. Ngokuqhubekeka kwinto enye, ngokuba indlela Yakhe yokuqala yokuyenza yindlela egqibeleleyo. Ngokuba, Wayengenakuba nandlela yimbi, ngokuba Ugqibelele, kwaye, U, zonke iindlela Zakhe zigqibelele. Jonga ukuba Wayenza njani.

⁵⁴ UMoses wabizwa kwaye wamiselwa kwangaphambili ukuba athathe lo msebenzi wayenguwo, wa—wawuthathayo. UThixo . . .

⁵⁵ Ngoku, ndiyacinga, ukuba ungayixolela . . . Andikutsho oku ukugxeka. Ndikutsho kuphela, kweliqonga, a—andazi nto kwaye andifuni kwazinto kodwa uThixo. Ngoku, ndicinga ukuba kulapho abazalwane bethu beMvula engaSemva baphixana khona, yabona, babeka izandla phezu komnye nomnye babenze abaprofeti nangokunjalo. Ngoku, ayisoSibhalo. “Izipho nobizo zingaphandle kweguquko.” Uzalwa uyilonto uyiyo. Uyilento, ekuqalekeni, uyiyo.

⁵⁶ Jonga kubo abaFarasi kwiintsuku ezadlulayo. Babenokukhanya nje okuncinci, ngokuba babenoku . . . benomthetho, kwaye baphila ngomthetho, kodwa emva entliziyweni yabo kwakumnyama kangangokuba kunokuba njalo.

⁵⁷ Kwaye kwakukho umfazi omncinci, ihenyukazi, ukusongwa kwakhe . . . ubomi baphambili phezulu *apha*

kulendawo babumnyama kangangokuba bunokubanjalo, wayengodume kakubi, kodwa ezantsi entliziyweni yakhe wayenyulelwe kuBomi ngexa elingaphambili.

⁵⁸ Kwaye ngoko xa uYesu, iLizwi, weza embonisweni, abobaFarisi bathi, “Le Ndoda nguBhelezabhule.” Yenza ntoni? Yamfamekisa okokukhanya kuncinci babenako.

⁵⁹ UYesu wathi, “Ningabakayihlo, umtyholi, nemisebenzi yakhe niyayenza.”

⁶⁰ Kodwa xa lo mncinci, ihlazo lomfazo lisiza, waze wabona iLizwi likaThixo, walazi Lona. Zange aliphile Lona, kodwa walazi Lona. Kwaye ngoko nangoko xa Lathetha kuye, yena wathi, “Ndiyaqonda ukuba Unguye uMprofeti.” Waze Wa... Yena wathi, “Ndiyazi ukuba UMesiya uyakuyenza lento.”

Waza wathi, “Ndi Nguye.”

⁶¹ Lenza ntoni? Lacoca ubumnyama lenza ukukhanya konke. Kutheni? Kwakukho imbewu eyayilele apho, imbewu yolonyulo lwexa elingaphambili eyayilapho kwi... Yayiyingcinga kaThixo phambi kokusekwa kwehlabathi.

⁶² Kukho indlela enye kuphela yoBomi obunguNaphakade. Ukuba unoBomi obunguNaphakade, ngoko wena wawusengcingeni kaThixo phambi kokuba ihlabathi lidalwe. Uyinxalenye yengcinga Yakhe, ngokuba uNaphakade zange aqale okanye sokuze aphele. Uyinxalenye yobutyebi bukaThixo, okoko. Iyazibonakalisa nje. Iyavela ngoku. Basenomnye kwakhona abanokuwavelisa, kukufa, ze okungaphantsi kube kokungaphezulu, ukuze ube kuMtshakazi kwakunye noKristu, njengoko Wacinga. Njengomyeni nomfazi, namhlanje, ngoko (UThixo) UKristu neBandla bayakuba banye. Ngoku, abanyuliweyo, ababiziweyo!

UMoses wazalwa, “umntwana wenene.” IBhayibhile itsho lonto.

⁶³ Omnye wabaprofeti, uYeremiya. UThixo wathi, “Phambi kokukhawulwa kwakho esibelekweni sikanyoko, Ndakumisela ukuba ngumprofeti kwisizwe.”

⁶⁴ UYohane umBhaptizi, kutheni, wayekhethiwe eSibhalweni. U-Isaya, amakhulu asixhenxe aneshumi elinesibini eminyaka phambi kokuza kwakhe, wathi, “Ulilizwi lodanduluka entlango, ‘Tyenenezani umendo weNkosi!’” Kwaye malunga namakhulu amane eminyaka phambi kokubonakala Kwakhe, kwakhona siyafumana, uMalaki wathi, “Yabonani Ndithumela umthunywa Wam phambi kobuso Bam, ukuze atyeneneze umendo phambi kweNkosi.”

⁶⁵ Yabona, wayemiselwe ngexa elingaphambili. Kwaye ngoko nakuzo zonke izigaba zikaThixo, ukuba zibizwa ngoThixo.

⁶⁶ Ukuba bafundisiwe ngazo, ngumhlohli nkanunu, yabona, ayinakuba yinto. Ukuba litikiti lokutya, ngoko uthengise ngobuzibulo bakho ngenxa yetikiti lokutya, uyakwenzelelela uhambe nombutho okanye iqela elithile. Kodwa ukuba yekaThixo, uyakuma ngelo Lizwi, nokuba, ngokuba wazalelwa ukuma ngalo.

⁶⁷ UMoses, kwakungekho mntu ungomnye wayenokuthatha indawo yakhe. Kungekho mntu ungomnye unokuwenza umsebenzi. Wayemiselwe ukwenza lonto.

⁶⁸ Kwaye, mzalwana, dade, ukuba unoBomi obunguNaphakade, wawumiselwe ukwenza into ethile. Mhlawumbi umfazi olungileyo wasekhaya, mhlawumbi enye into, kodwa akukho mntu unokuthatha indawo yakho. UThixo ukwenzele indawo. Sukuzama ukuthatha indawo yomnye umntu. Kukulinganisa kwenyama, yabona, ibonakalisa ukuba kukho into engalunganga kuwe. Yiba yilonto uyiyo, nje ngokuthe ngqo. Sukuba yenye into.

⁶⁹ Ngoku, ngoku siyafumanisa ukuba uThixo wanika uMoses umqondiso ukuphuhlisa izibango kunye nobizo.

⁷⁰ Kwaye wonke umqondiso wenene, wonke umqondiso wenene, othunyelwe uvela kuThixo, i... unelizwi ngasemva kwawo. Ngoko ungasileli. Esi sisifundo sam sokugqibela kulento, yabona. Wonke umqondiso wenene... Ngoku sinemiqondiso engasuki kuThixo; USatana angaphantse alinganise yonke into ekhoyo. Kodwa umqondiso wenene, uthunyelwe uvela kuThixo, unelizwi likaThixo ngasemva kwawo.

⁷¹ UThixo wathi kuMoses, “Ukuba abathanga bakholwe li lizwi lowokuqala umqondiso, ngoko yenza lo ungomnye umqondiso phambi kwabo. Kwaye ukuba abazukuva oko, thatha nje amanzi uwagalele emhlabeni.” Kwaye lowo yayingumqondiso wokuba babeyakuselwa apho ligazi labo.

⁷² Qaphela, kwaye kwanjengendlela Awatsho ngayo, “Vuthulula uthuli ezinyaweni zakho. Kuyakunyamezeleka kwiSodom neGomora, ngalo mini, kunokuba kuyabanjalo kwesosixeko sikwalileyo.”

⁷³ Ngoku asidlali Bandla. Eli *li*Bandla. UKristu liBandla. SikuKristu. UMzimba wengcinga kaKristu, sizalelwe kuWo. Akunakuzifakela kuWo.

⁷⁴ Ndibekusapho lakwaBranham malunga namashumi amahlanu eminyaka, kwaye zange bandicela ukuba ndizifakelele kusapho. Ndzalwa ndinguBranham.

⁷⁵ Kwaye yilondlela onguMkristu ngayo. Uzalwe unguMkristu, hayi ukufakelwa kubo. Uzalelwe kubo. Wonke umntu uyaloyika uzalo. Banendlela ezithile ezicocekileyo zokuthatha isandla esincinci, okanye ukutyikitya itikiti

elincinci, okanye ukuzihlikihla ngamanzi anetyuwa. Asilozalo olo. Uzalo yinto embi kakhulu. Uzalo luyi—into embi kakhulu. Andikhathali nokuba lusendaweni yehagu, okanye i—okanye ishedhi yesitali, okanye kwigumbi elimthubi elihonjisiweyo esibhedlele; uzalo yimbutyulelo, kwaye lwenza imbutyulelo kuwe. Akufuni kunikezela, akufuni *lento*, *leya*, okanye *enye*, kodwa iinyembezi ziyakuhlamba okuqatyiweyo ebusweni bakho lukwenze ube ngumntu owohlukileyo. Ukuba uzalwe ngokutsha, luyakwenza imbutyulelo kuwe, kodwa uyakuphuma usisidalwa esitsha. Yabona? Abakufuni oko. Bafuna indlela ethile elula, uyazi, kwaye akukho ndlela zilula. Njengengoma, wathi, “Ndiyakuthatha indlela nabambalwa abacekisiweyo beNkosi.” Akafuni kuba ngumhlaba wokukhulisela izityalo.

Wonke umqondiso wenene kaThixo ulandelwa lilizwi likaThixo.

⁷⁶ Ngoku ukuba indoda inika umqondiso elizweni, okanye nangaliphina ixesha, kwaye elolizwi ilithethileyo emva kwalonto akwabikho Lizwi likaThixo, ngoko liqaphele, sukulikholelwa. Ukuba isikolo esidala, ukuba indoda imphakama ithi, ibonise umqondiso osuka kuThixo, ize ifundiso yayo ibenye neyofundo zibhalo endala ubunayo yonke leminyaka, UThixo zange athumele lomqondiso. Khangela emva eSibhalweni ubone ukuba yayinguwo. Phengulula iSibhalo. Umfo wabuya, wathi, “Ngoku sonke sifuna ukufakelwa *kulento*. Ngumba omdala omileyo.” Sukuyikholelwa lo nto. Sizakuya kuyo lo nto, nje kwimizuzu embalwa, yabona. Hayi, sukuyikholelwa lonto.

⁷⁷ UThixo usoloko eyingqinela imiqondiso Yakhe. Umqondiso ovela kuThixo usoloko uthetha ilizwi likaThixo.

⁷⁸ Kwaye ukuba isesesasikolo sidala wawunaso, kutheni Eyakunika umqondiso, sowukuwo? Uzama ukukufikisa kweladolo. Uphawu lokuma! Cotha! Jonga apho uya khona! Uyakuzilahlela edolweni ukuba akuqapheli. Kukho idolo elitsolo, kwaye kusoloko kuliphawu apho phambi kokuba ulenze elidolo, ukukukhusela ukuba utyoboke. Abakhi bokwenene bendlela banika iimpawu. Kwaye sihamba indlela eya eluZukweni. Kwaye ukuba umqondiso uthetha ngento endala, ibingasuki kuThixo.

⁷⁹ UThixo unika imiqondiso ukutsala umdla wabantu Bakhe. Imiqondiso yeyokutsala abantu bakaThixo, imiqondiso kaThixo yilonto. Umqondiso kaThixo unikelwa ukutsala umdla wabantu bakaThixo.

⁸⁰ Ngoku apha ityholo elivuthayo lalingumqondiso wokutsala umprofeti, uzama, ngokuba umprofeti wabaleka kuThixo, waze uThixo wanika ityholo elivuthayo njengomqondiso. Waze wabona lomqondiso ungaqhelekanga; wathi, “Makhe

ndityeke ndibone uyintoni lomqondiso ungaqhelekanga, ukuba i—ityholo livuthe kodwa lingapheli.” Ngoku uThixo wayetsala umdla womprofeti Wakhe owayebhacile. Wayenokuzifumanela omnye, kodwa wabeka uMoses ukwenza umsebenzi ingenguye omnye umntu ozakuthatha indawo yakhe.

⁸¹ Eluhambeni, abanye abafu bazama ukuwenza, uyazi. UDathan wavuka waza wafuna ukwenza umbutho kulonto. UThixo wamxelela uMoses, “Zahlule. Ndiyakubaginya nje.” Yabona?

⁸² UThixo usebenza ngomntu omnye. Yabona? Ngoku qaphela oku, Wayezama ukutsala umdla womprofeti, ukufumana umprofeti endaweni yakhe efanelekileyo, yabona, waze Wanika umqondiso wetyholo-elivuthayo.

⁸³ Kwaye, qaphela, ilizwi elalandela umqondiso yayi lilizwi leSibhalo. “Ndizivile izililo zabantu Bam, nezincwino zabo, ngenxa yabaqhubi babo, kwaye Ndiyasikhumbula isithembiso Sam.” Amen. Kwalunga. “Ndiyasikhumbula isithembiso.” Yayilizwi leSibhalo elo. “Kwaye Ndithuma wena ezantsi. Ndihlile ukuza kubakhulula, kwaye Ndithuma wena.”

⁸⁴ Khumbula, uThixo akenzi nto ngaphandle komntu. Uyayazi lonto? Yilonto ibakhubekisayo abantu. Yabona?

⁸⁵ Yilonto yabakhubekisayo ngoYesu. Bathi, “UyiNdoda, uzenza uThixo.” WayenguThixo, kodwa babengenakuyiqonda lonto. “Yaye, Wena, uyiNdoda nje.”

⁸⁶ Wathi, “Yaye, nibabiza abaprofeti, ‘oothixo,’ kwaye nomthetho wenu uyakungqina oko. Kwaye ukuba nibabiza ‘oothixo,’ abo lilizwi likaThixo liza kubo, ningandigweba njani na Mna xa Ndisithi NdinguNyana kaThixo?”

⁸⁷ Yabona, imiqondiso, ukutsala umdla. Kwaye, khumbula, ukuba umdla utsalekile, ngulomgca mnye mdala, asingoThixo.

⁸⁸ Kodwa uThixo uzama ukutsala umprofeti ngoku, kwaye Umnika umqondiso, kwaye nelizwi elalandela umqondiso yayilizwi leSibhalo. “Ndibabonile abantu. Ndikuvile ukukhala kwabo. Ndiyasikhumbula isithembiso Sam.”

⁸⁹ Ngoku uThixo uzakuthetha ngesithembiso Sakhe seLizwi. Kufuneka athumele umprofeti Wakhe, ngokuba iLizwi liza kumprofeti. IBhayibhile yathi, UThixo wathi, ngoKwakhe, ukuba, “Akenzi nto de Abe uyityhilile kubakhonzi Bakhe abaprofeti kuqala.” Yabona? Kwaye umqondiso unikiwe. Kwaye iSibhalo sibonisiwe, elo liLizwi lomqondiso.

⁹⁰ Yabona iLizwi lomqondiso, kaMoses? Kuqala, umqondiso yayilityholo elivuthayo; iLizwi yayiSisibhalo.

⁹¹ UMoses wakuthatha oko njengomqondiso Wakhe, waza wehla waya eYiphutha waza wenza umqondiso ebemxelele wona uThixo; kwaye umqondiso waba nelizwi kuwo,

kwaye abantu bakholelwa baze baphuma. Kwaye njengoko babehamba, benza kakuhle; kodwa xa baqalayo ukukrokra ngakwilizwi, baza bema.

⁹² Khumbula, uSirayeli wahamba. Ubusazi ukuba apho babesuka khona? Babenokuba... Babengamashumi amane emayile kuphela, kwaye kangamashumi amane eminyaka ukwenza oko. Kutheni? Kungokuba baqalisa ukukrokra malunga nelizwi elalivelise umqondiso. Kwaku kuncinci kangakanani ababekwazi, xa babekhwaza phaya ezantsi enxwemeni, bexhentsa bekuMoya, kwaye uMoses ecula ekuMoya, kwakuzintsuku nje ezimbalwa besukile. Kodwa baqalisa ukukrokra, kwaye bafuna ukwenza into eyahlukileyo; kwaye bahlala iminyaka engamashumi amane entlango, batshabalala phezu kwayo, kunjalo, ngokuba zangebakholwe. UThixo wathi, "Abagibanga wena, Moses. Bagibe Mna." Yayilizwi likaThixo, hayi uMoses.

⁹³ Ngoku qaphela, UYehova uzakuthetha ngeLizwi Lakhe lesithembiso, ngoko Ufanele athumele abaprofeti Bakhe. Ukuba, uba ufuna ukubona oko, kukwi Genesis 15:16. Sifumana ukuba uThixo waxelela uAbraham, "Imbewu yakho iyakuphambukela kulomhlaba ungahelekanga, kwaye Ndiyakubakhupha ngesandla esithe nkqi. Ukukreqa kwama Amori akukazaliseki okwangoku." Zonke izithembiso Zakhe Azinikayo, apha Utsala umprofeti, ngetyholo elivuthayo.

⁹⁴ Ngoku ukuba ityholo elivuthayo lalinokuthi, "Moses, UThixo nguThixo."

"Ehe, ndiyayikholwa lonto."

⁹⁵ "Owu, wenza kakuhle, Moses, yigcine apho. Utshate umfazi olungileyo; ungumntwana omhle. Ngokuqinisekileyo unonyana olungileyo! Uzuko kuThixo!" Sesasikolo sinye sidala. Yabona?

⁹⁶ Kodwa Wayelungele ukwenza into, ngoko kwakufuneka Ukuba atsale indoda. Kwaye Wayinika indoda imiqondiso emibini ukuba ayenze, waze wathi, "Umqondiso ngamnye unelizwi." Ukubonisa ukuba injalo. Ngoku qaphela ukuba loo mazwi athetha ntoni, nendalo ngokwayo. UYehova wayelungele ukuthetha ngoku.

⁹⁷ Kwakhona, ukuza komprofeti ngumqondiso. Ubuyazi lonto? Ukuza komprofeti, kwisigaba, ngumqondiso.

⁹⁸ Ngoku, andithethi ngoGqirha weza kwezakwaLizwi. Andithethi ngomlungiseleli othile othembekileyo, umntu othile olungileyo. Balungile bona. Bangabakhonzi bakaThixo bona.

⁹⁹ Kodwa umprofeti ngumqondiso. IBhayibhile itsho apha. Kwaye ngumqondiso wantoni? Ngumqondiso wokuba iLizwi Lakhe lilungiselela ukuzaliseka, lizaliseke ngelizwi lomqondiso walomprofeti.

¹⁰⁰ Qaphela, ukuza komprofeti luphawu lolumkiso lokuba umgwebo ufikile. Ubuyazi lo nto? UMGwebo ulindeleke ukuba ugaleleke xa kukho umprofeti emhlabeni.

¹⁰¹ Khumbula, unokuqiniseka, kuqala, kufuneka angqinelwe nguThixo naliLizwi lalomhla, aze ke enze umqondiso. Kwaye qaphela lomqondiso, uhlolela ntoni. Wathi, “Ukuba ithe yenzeka, uze umphulaphule yena.” Numeri 12:6. “Ukuba ithe ayenzeka, libala ngawo.” Kufanele ukuba ibe ngumqondiso weSibhalo Awunikayo.

¹⁰² Kwaye Unika ntoni ngomqondiso, ngexesha elinye, ukuba uNguye izolo, namhla, naphakade, uYakuqhubekeka ewunika ngendlela enye. “ILizwi leNkosi leza kubaprofeti.” Babe Lilizwi. Kwaye xa uYesu wezayo, Waye liLizwi. Kwaye iLizwi licalula ingcingana nezicamango zentliziyo, ngokuqhubekeka, okokoko. Ngoku qaphela.

¹⁰³ Ukuza kwalomprofeti, kunika umqondiso, wo, “umgwebo ugalelekile,” lonke ixesha.

¹⁰⁴ Makhe sime nje okwemizuzwana embalwa. Andizukuthatha thuba lide. Masikhangele nje ezizinto ngoku, okwemizuzu elishumi. Kwaye nentsalela yomyalezo, gxebe, imizuzu elishumi.

¹⁰⁵ UNowa, umprofeti emhlabeni—esemhlabeni, umqondiso womgwebo ozayo. UMoses, umprofeti esemhlabeni, umqondiso womgwebo ozayo. U-Eliya, umprofeti esemhlabeni, umqondiso womgwebo ozayo. UYohane, umprofeti esemhlabeni, umqondiso womgwebo ozayo kuSirayeli; babenqanyulwe ngokuqinisekileyo.

¹⁰⁶ Qaphela, umqondiso! Wenza ntoni umqondiso? Umqondiso kukutsala umdla, kwaye wenza abanyulwa balunge, kwaye bangabikho phambi kokuba umgwebo uhle. Yilonto uNowa wayenzayo, wenza abanyulwa balunga. Intsalela yabo, kwaye yenza ntoni? Umqondiso, kunye nelizwi lomqondiso, lohlwaya ongakholwayo kwaye limlungiselele umgwebo. Libenza abanyulwa balungele ukuzimela. Yilonto umqondiso uyiyo. Yilonto imiqondiso enikelwa yona, umgwebo ozayo. Kubanyulwa, bayawubona.

¹⁰⁷ Njengomfazi omncinci enentliziyo enyulu, nomzimba ongcolisekileyo; nabaFarisi benemizimba enyulu, nentliziyo ezingcolisekileyo. Yamgweba omnye, yamsindisa omnye.

¹⁰⁸ Kwaye lomgwebo wamsindisayo uMoses, waligweba ihlabathi; intshumayelo yakhe.

¹⁰⁹ Umenza umnyulwa alunge. Alungele ntoni umnyulwa? Xa bebona umqondiso othunyelwe nguThixo, bajonga emva eSibhalweni bajonge ukuba kufanele ukuba ibelapho. “Ehe, nantsi ke.” Yintoni? Umgwebo olengalengayo. Aze ke umnyulwa aphulaphule kwilizwi.

¹¹⁰ Kodwa onganyulwanga akahoyi, kwaye athi, “Bubuvuvu. Qhubeka! Siyakuthatha kwa esasikolo sidala.” Yabona? Yiloo ndlela benza ngayo ngeentsuku zika Luther. Yiloo ndlela benza ngayo ngeentsuku zika Wesley. Yiloo ndlela be—benza ngayo ngoku, indlela abasoloko besenza ngayo.

¹¹¹ Kodwa ngumqondiso, kwaye inelizwi elilandela umqondiso. Kwaye ilizwi libonakaliswa njenge lizwi leSibhalo. Ngoku sukulibala oko. Ngoku kugcine oku kuqhubekeka, ngokuba ndingaphindi ndinibone kwakhona.

¹¹² Ndinqwenela ukuba bendinendlela yokuza ezantsi apha ndaweni ithile kwaye ndifune bonke abazalwana bam, xa bengenazimvuselelo ziqhubekekayo, ndibeke intente ndize ndihlale nje, isuku emva kwesuku, kwaye ndiyifundise de—de ibe ingene. Kodwa Akanakuyivumela lonto, andicingi. Yabona, sisondele kakhulu ekupheleni. Ndiyakholwa ukuba ngoku sisekupheleni.

¹¹³ Encwadini yam phaya, endiqhubeka nokubhala phantsi. Ngo 1933, ngenye yentsasa, ndilungisele ukuya kwisikolo seCawa, isikolo seCawa yamaBhaptizi apho ndandingumlungiseleli, uMoya oyiNgcwele weza wandibonisa ezantsi ixesha lesiphelo, wandibonisa izinto ezisixhenxe ezazizakwenzeka. Ndaziphawula phantsi. Zikwiphepha elidala elityheli.

¹¹⁴ Ndaxelelwa ngokuchanekileyo ukuba iJamani iyakwakha la Mgca weSiegfried, kwaye azakohlwaywa njani amaMelika kuyo, iminyaka elishumi elinanye phambi ko—kokuba umgca wakhiwe.

¹¹⁵ Wathi uyakuvuka njani uMussolini, kwaye aye njani eTopiya, kwaye iTopiya iya “kuwa njani ezinyaweni zakhe.” Kwaye uyakufa ngokuhlazeka, abekuqulukubhode, kwaye abantu bakhe bamtsicele.

¹¹⁶ Kwaye ndathi, “Kukho i-isms ezintathu; ubuCommunism, Facism, neNazism. Zonke ziyakuphuma eRussia, kubuCommunism.” Kwaye iyakutshabalalisa ubuCatholicism. Yabona ukuba ayiyenzi!

¹¹⁷ Ndathi, “Inkqubela enjalo iyakwenzeka!” Ndathi, “Ndibona inqwelo mafutha zikhangeleka njengeqanda, zisihla ngesitalato. Kukho iinqwelo ezihla ngoohola, zinokulawulwa ngendlela ethile, azidingi kuqhutywa. Ndibona usapho lwaseMelika ludlala umlabalaba emva kwinqwelo mafutha.” Banayo inqwelo ngoku, ukuba nje bebenohola wokuyibeka kuwo. iVolkswagen encinci iliqanda eligqibeleleyo, nje ngqo, kwaye zizo zonke ezinye iinqwelo. Ungafane ucinge, ngo 1933, zazikhangeleka njani iinqwelo mafutha, kunangoku?

¹¹⁸ Kwaye Yaqikelela kwakhona, ukuba, ukuvunyelwa kwabafazi ukuba bavote, kwakunye nobabeya kukwenza.

Kwaye linjani ngoku eli lizwe, lingumfanekiso, nje ngoSirayeli, weza emhlabeni wagxotha abahlali bawo, wawudla ilifa umhlaba. Kwaye ookumkani abambalwa bokuqala ababanabo, U Davide no Solomon, babengokumkani abamoyikayo uThixo. Emva kwexesha, bafumana u-Ahabhi embonisweni. Bamvotela. Usihlalo uyakufumana...ibandla labalihlabathi. Kwaye, sikhe saba neLincoln kunye ne Washington, jonga iyintoni namhlanje. Jonga apho siya khona ngoku. Iphi into elandelayo? Sisekupheleni kwexesha.

¹¹⁹ Kwaye ngumqondiso, ngokusendalweni, nje ngqo. Imenza umnyulwa alunge; yohlwaye, ukugweba, ongakholwayo.

¹²⁰ “Ukuba lo mprofeti ungumprofeti wenyaniso, kwaye nakuthethileyo kuyazaliseka,” iBhayibhile ithe, kwiNumeri 12:6, “sive isilumkiso sakhe, kuba singqinelwe asiyondoda.” U—umprofeti yindoda. Kodwa ilizwi elisuka kumqondiso ongaphezu kwendalo lilizwi leSibhalo, lingqinelwe, ngoko lisisilumkiso.

¹²¹ IBhayibhile yabhalwa ngabaprofeti, khumbula. KuPetrosi weSibini, nawo, 1:21. KumaHebhere 1:1, ngokunjalo.

¹²² INtsika yoMlilo, kuMoses, yayingumqondiso, ilizwi lalizakuthetha. INtsika yoMlilo yabonisa ukuba ilizwi lalizakuthetha. Ngumqondiso, iNtsika yoMlilo. Nina bantu nifanele nikhumbule oko abasuka eHouston, kungekudala kakhulu.

¹²³ UMoses, umprofeti, umqondiso kuSirayeli, wokuba isithembiso sasilungele ukuzaliseka. Xa UMoses wehla wenza umqondiso womprofeti, bazi ngoko nangoko ukuba uyakubaqokelela.

¹²⁴ Okunjani ukugqibelela kweLizwi likaThixo likulungelelwano, ngalo lonke ixesha into enye. Nangona benditshilo phezolo, i-Urim Thummim, nayo yonke into, lalusoloko luphendula njani kuThixo.

¹²⁵ Masithabathe umprofeti kwakhona, okwethutyana nje, uYona. Bendinesahluko sokuqala sikaYona sibhaliwe apha phantsi, isahluko sokuqala apha sesiprofetho sakhe. UYona waphuma embilini womnenga, yayingumqondiso. Yabona, abantu babengabahedeni. Babenqula oothixo bolwandle, kwaye uthixo wabo wolwandle yayingumnenga.

¹²⁶ Ngoku abantu abaninzi bazama ukumohlwaya uYona. Ndasoloko ndimmela uYona. UYona wayengekho ngaphandle kwentando yeNkosi. “Tinyawo zamalungisa zikhokelwa yiNkosi.” Sifuna ukuthi, “LinguYona.” Kodwa masiyithathe kweyayo i...lonto ilixabiso, kubekanye. Ndiyazi wayefanele ukuya eNiniva, kodwa uThixo wamenza ukuba athathe lanqanawa ibheka eTarashishi. Kwaye Wayenengxaki eyayizakulufikela ulwandle.

¹²⁷ UYona wathi, “Ndibopheleleni izandla neenyawo. Ndim osengxakini, ongunobangela wayo.” Kwaye bamlahlela ngaphandle. Kwaye intlanzi yayidada emanzini, intlanzi enkulu eyamginyayo uYona. Ndiyazi ukuba kunzima kwinzulu lwazi ukuyikholelwa.

¹²⁸ Apha kungekudala kakhulu, eLouisville, eKentucky, kangangeminyaka elishumi egqithileyo, babeno—nomnenga uleliswe kwi—kwinqwelo-esticaba. Kwaye kukho uRicky omncinci othile apho, enobukrelekrele ngaphezu kwayenokwazi ukuba bulawulwa njani. Wayezama ukuyenza iBhayibhile ivele ithetha ubuxoki. Wathi, “Niyazi, niyawuva lamzekelo weBhayibhile mdala, wokuba umnenga waginya uYona.” Wathi, “Jonga, akunakufaka nebhola emqaleni wakhe, yayincinci kakhulu. Ingangena njani indoda ekhule ngokupheleleyo embilini wakhe?” Wathi, “Niyabona, ngumzekelo nje omdala, njengokuba iBhayibhile izele yiyo.”

¹²⁹ Kwakugqithisile kokwam—kwam ukucinga. Ndathi, “Mhlekezi, ndingathanda ukuthetha into phaya.”

Wathi, “Unantoni yokuthetha?”

¹³⁰ Ndathi, “Uyabona, akuyifundanga kakuhle iBhayibhile.” Ndathi, “IBhayibhile ithe lo yayingumnenga owodwa. ‘UTHixo walungisa intlanzi enkulu.’ Yayakhiwe ngendlela eyodwa, ukuba imginye, yayenza lo nto! Yayingeyontlanzi iqhelekileyo. UThixo wayezakwenza umsebenzi ongaqhelekanga, ngoko ke Wafumana intlanzi engaqhelekanga.” Yabona? Zange aphinde athehe nto ngayo ngoko. Ngoko, ya, uThixo wayenento eyodwa.

¹³¹ Njengentombazana encinci, ngelinye ixesha, isuka emnqubeni; iinwele zakhe ezincinci zikanyelwe ngasemva, ziyephu-yephu, ngokupheleleyo de ubuswana bakhe obuncinci bakhangeleka okwe tsele elichutyiweyo. WayeneBhayibhile nje, esihla.

¹³² Le ndoda indala apha ekwakusithiwa nguJim Dorsey owayehlala e-Utica. Wayengongakholwayo, ijoni elidala, kwaye—kwaye wayengakholelwa kuThixo. Waze wathi, “Uyaphi, nenekazi elincinci?”

Yathi, “Ndiyagoduka, mhlekazi.”

Wathi, “Yintoni le uyifumbe engalweni yakho?”

Yathi, “YiBhayibhile.”

Wathi, “Akuyikholelwa lonto, akunjalo?” Kwaye wa . . .

Yathi, “Ewe, ndiyayikholelwa, mhlekazi.”

¹³³ Waze wathi, “Uyalikholelwa elabali apho limalunga nomnenga owaginya uYona?”

Yathi, “Kutheni, ngokuqinisekileyo, ndikholelwa lonke iLizwi layo.”

134 Wathi, “Ungayiphuhlisa ngeyiphi indlela ngaphandle kokholo, lonto uyibiza ukholo?”

“Kutheni,” yathi, “xa ndifika eZulwini, ndiyakumbuza uYona.” Yabona?

Wathi, “Ke xa anokungabikho phaya?”

135 Yathi, “Ngoko ke kuyakufuneka umbuze.” Ngoko ndacinga ukuba wayengumluleki olungileyo apho. Ngoko ndiyacinga ukuba kokulungileyo oko.

136 Ukuba iBhayibhile ithi uYona waginya umnenga, ndiyakuyikholelwa lonto. Wayenokuyilungisa. Lonto uThixo ayitshiloyo, uThixo unakho ukuyenza, kwaye Usoloko eligcina iLizwi Lakhe. Ngoko, uYona, senza intlekisa ngaye. . .

137 Kodwa ingaba wakhe waqaphela intlanzi xa idada? Izingela ukutya kwayo. Kwaye emva kokuba ityile, ihla iye kanye emazantsi ize iphumlise ezompikwana zayo zincinci emazantsi. Dlisa intlanzana yakho egolide ujonge kwenzeka ntoni. Zizalisa ezo ziswana zazo zincinci, ze zihle kwaye zibeke ezompiko zazo kumphantsi, ilale apho iphumle.

138 Kulungile, le ntlanzi inkulu ilungisiweyo yeza yaginya lomprofeti. Kwaye yehla yaya emazantsi olwandle, kwaye mhlawumbi amashumi amane obunzulu apho. Yehlela ezantsi, ukuziphumza emazantsi olwandle.

139 Ngoku sisoloko sicinga ngoYona. Kwaye wonke umntu uthi, “Ngoku ndandithandazelwe, kodwa isandla sam asikho ngcono. Ndandithandazelwe, kodwa andivabungcono.” Ungaze umngxolele uYona.

140 Ngoku jonga kwingxaki awayenazo. Ngoku, indawo yokuqala, wayengaphandle kulwandle oluvuthuzayo, kwaye wayephumile kumba uThixo owayemthumele wona. Izandla nenyawo zakhe zazibotshiwe. Waphoswa koluvuthuzayo, lugqumayo ulwandle, kwaye umnenga wamginya kwaye waya kuzika emazantsi olwandle. Kwaye wayelele apho kulomhlango, embilini womnenga, ukhula lwaselwandle lujikeleze intamo yakhe. Kwaye ukuba wayejonge *ngale* ndlela, yayingumbilini womnenga. Wayejonge *ngala* ndlela, yayingumbilini womnenga. Naphi na apho wayejonge khona, yayingumbilini womnenga. Uthetha ngemeko yengxaki, wayenokuba nayo. Kodwa uyazi wathini? Wathi, “Ngamampunge axokayo. Andisokuze ndiphinde ndijonge kuwo, kodwa okokugqibela ndiyakujonga kwitempile Yakho engcwele.”

141 Ku, Solomon, indoda edaliweyo yomhlaba, eyathandaza ekunikeleni itempile, wathi, “Nkosi, ukuba abantu Bakho besengxakini nokuba kuphina, baze bajonge kulendawo ingcwele, ngoko yiva useZulwini.”

¹⁴² Kwaye uYona wayenokholo kwinto uSolomon wayithandazelayo. Waze uThixo wamhlangula kumnenga, emva kweentsuku ezintathu nobusuku bazo. Wayenokuba ubeke intente enomoya wokuphefumla ezantsi apho. Andazi ukuba Wenzani, kodwa Wamgcina ephila iintsuku ezintathu nobusuku bazo, ngokweLizwi. Kwaye iLizwi linyanisile.

¹⁴³ Kulungile, ukuba uYona, phantsi kwezomeko, unokujonga kumnquba owenziwe yindoda, kukangakanani okufanele mna nawe, ngobubusuku, sijonge kwiTempile apho uYesu eme ngasekunene kwaMadla, ngeGazi Eli leLakhe, esenza izicamagushelo ngezivumo zethu, ngeegxaki zethu ezincinane! Sukumohlwaya uYona, kwaye jonga kokungalinganga kuwe. Jonga kwisithembiso, “UThixo utshilo!” Ukuba ningabantwana baka Abraham, “UThixo utshilo!” Wenza isithembiso, kwaye oko kugqibekile.

¹⁴⁴ Qaphela, bonke abantu babephumile beloba, betsala iminatha yabo nezinto. Emva kwethuba, gqi uthixo wolwandle, umnenga, engxamele ngaselunxwemeni. Wonke umntu wawa ngamadolo akhe. UThixo uyakwazi ukwenza izinto. Kwaye waya ngqo ngaselunxwemeni wakhupha ngaphandle ulwimi lwakhe, kwaye, emva kokuba enzile, nako kuphuma umprofeti ephuma kanye emlonyeni womnenga. Umprofeti! Uthixo watsica umprofeti kanye apho elunxwemeni. Kungaba akuthandabuzeki baguqukayo nje. Yabona?

¹⁴⁵ Lowo yayingumqondiso. UYona ehlangulwe ngumnenga, yayingumqondiso. Wenza ntoni? Yayingumqondiso osuka kuThixo lowo. Lalisithini ilizwi? “Guqukani okanye nitshabalale, kwiintsuku ezimashumi mane.” Umqondiso kaThixo; ilizwi likaThixo! Okokoko, xa uThixo ethumela umqondiso, uThixo uthumela ilizwi Lakhe emva komqondiso lowo. Qaphela, “Guqukani, okanye kwiintsuku ezimashumi mane esisixeko sonke siyakutshabalala.”

¹⁴⁶ Ukuvela kukaYohane umprofeti emhlabeni, emva kwamakhulu amane eminyaka ngaphandle komprofeti; umqondiso emva kwamakhulu amane eminyaka, yakhe yokuvela. Elo xesha lincinci liyekeleleyo!

¹⁴⁷ Ngoku ukuba ungowomoya uyakukubamba oko ndikutshoyo. Wanga uThixo angayityhila ingqiqo yenu. Kuyakude kube nini!

¹⁴⁸ Amakhulu amane eminyaka, uSirayeli ngaphandle komprofeti, amabandla ayejjekile kakhulu, kwaye ngoko nanku uYohane esiza embonisweni. UYohane wayengumprofeti, umqondiso wokuba uMesiya wayezakuthetha emva kwakhe. Qaphela. Ngokuba, uMalaki 3 uthi, “Ndiyakunithumela uMthunywa Wam phambi kobuso Bam, alungise indlela, alungise abantu.”

149 Jonga kuYohane, kungekho kuzithanda kuye. Zange athathe nalunye uzuko. Bazama ukumbiza ngoMesiya; kodwa wathi, “Andifanelwanga nokuthukulula izihlangu Zakhe.”

150 Kodwa kwamsinya xa uYesu wavela, Waba nomqondiso, iNtsika yoMlilo, ukuKhanya phezu Kwakhe, njengehobe lisihla ilizwi lisithi, “Lo nguNyana Wam oyintanda, Endikholisiweyo Nguye.”

151 Qaphela, kwaye uYohane wakhawuleza wathi, “Kufanele ukuba ande. Mna ndinciphe.” Walinikezela iBandla kuKristu. Amen.

152 Siyaxelelwa ukuba, ngeentsuku zokugqibela, oko kuyakuphinda kwakhona! Kuzakubakho uMyalezo ozakuza, ozakwazisa uMesiya ebantwini. Kwaye iyakuba ngendlela, bayakothuka njengoko benza njalo ngoko. Wayithembisa lo nto. Isahluko esilandelayo sikaMateyu, sikaMalaki, siyasixelela ngalonto. Qaphela.

153 Babuza malunga nalonto. Isimo sikaYohane sambonisa ekumoya ka Eliya. Ngoku qaphela abaprofeti ababini.

154 Ngoku, u-Eliya wayeyindoda eyavuka ngexesha likaSirayeli, kwimbudumbudu.

155 U-Ahabhi wayengukumkani. Kwaye bonke abafazi belandela emva koJezebhele, kwaye mhlawumbi beneenwele ezivuzayo zichetyiwe nayo yonke into, mhlawumbi njengoku sikufumanayo namhlanje. Kwaye bonke belandela emva koJezebhele. Kwaye abalungiseleli bacinga, “Oko kwakulungile nje. Bayekeni. Bayekeni bayenze lo nto.”

156 Kwaye ngeloxesha, uThixo wavusa indoda entlango, egama lingu-Eliya. Asazi nalapho yayivela khona. Yayingenasikolo enokuzazisa ngaso. Kodwa yavuka, kwaye yohlwaya yonke lo nto. Wohlwaya yonke inkqubo.

157 Ukuba ebenokuza embonisweni, namhlanje, ebeyakohlwaya inkqubo yethu nathi.

158 Wohlwaya wonke uJezebhele. Kwaye ya, ekugqibeleni, yayinguye owamaphula phantsi umprofeti. Wabaleka, njengoYohane; walala phantsi kwesihlahla somthi xa uJezebhele wayezakumbulala. Wayemcaphukela yena.

159 Kwaye siyafumana ukuba xa uYohane weza, ephuma entlango kwakhona, umthandi wentlango, kunye nomyalezo usiya nqo kubafazi balamaxesha baqhawule imitshato kwaye betshata, kwaye betshatile, wayinqunqa lo nto yabaziziqwenga. Wayengasuki nakwesinye isikolo. Wayesuka kuThixo, indoda ethunywe isuka kuThixo. Kwaye wabohlwaya abafazi balamaxesha, ngokulukhuni ngakubo, wayengabuyi ngamva. Kodwa wathi ngokuphandle, “Ixesha lalifikile, uMesiya wayezakuthetha.” Jonga lo nto.

¹⁶⁰ Ngoku fanisa ixesha lokuza kuka-Eliya okokuqala kunye nababaprofeti balamaxesha banamhlanje, beyeka ooJezebhele babo becheba iinwele, banxibe ibhuluhwe ezimfutshane, batshaye imidiza, nantoni na abafuna ukuyenza, babajikelezise. Kungcono ungathethi nto, uyakumshiya, afumane omnye. Babajikelezisa ngemigaqo yabantu; lusizi olo, imfundiso yomntu. Kwaye, ngokwenza lonto, benza imithetho kaThixo ingabinamandla, 'kuba bangazixokomezela ecaweni baze kwangoko bazibize ngokuba bangamaKristu, baze babambe amalungelo abo baze bathi bangamaKristu, kwaye baqhubekeke. Yilonto bayifumanayo. Yilonto bayenzayo ngoko.

¹⁶¹ Kodwa, khumbula, kungelo xesha lithile linjalo, njengo kuba uThixo ethembisile kuMalaki 4, ukuba Uyakulizalisekisa iLizwi kwakhona. Kunjalo. Jonga siphi namhlanje, njengokuba kwakunjalo ngexesha likaYohane, njengokuba kwakunjalo nangamanye amaxesha.

¹⁶² Jonga kulo Amos mncinane mdala evuka, umfo omdala omncinane. Asazi apho wayevela khona. Wayengumalusi. UThixo wamthabatha emadlelweni ezimvu kunye namadlelo eenkomo, kwaye, kwaye wamqeqesha. Kwaye xa weza eSamari, kwaye xa waqabela apho kwaye wenyukela ngaphaya kwenduli ngalomini, wajonga ezantsi apho. Kwaye elo langa ligqatsa kulontloko yakhe inempandla, kunye nezondevu zingwevu, kwaye amehlo akhe eqokelelene etshawuza. Lo mehlo akhe anobuthixo eqhwanyaza, hayi ngenxa yomboniso owawubonwa ngabakhenkethi xa besiza kuwo, ngokuba isixeko sonke sasinikelwe esonweni.

¹⁶³ Ngubani lo mncinane, umntu ongaphawulekiyo? Ewe, ngu-Amos, umprofeti. Waprofetha ngexesha likaYerobhowam weSibini, umkreqi wokumkani, oyeka abantu benze nantonina. Ababingeleli babekulonto bonke. Bakha iicawa ezona zintle. Benezinxibo ezona zakhe zantle. Abafazi babo babelahlekelwe bubuntu. Babenxiba nangayiphina indlela abafuna ukunxiba ngayo. Abakhenkethi bahlangana kuyo yonke indawo, ukuzakubona amantombazana amahle nenkqubo yawo.

¹⁶⁴ Nje enye yalamaxesha i-U.S.A., ebekufanele ukuba ngabantu bakaThixo. Akukho mntu uthetha nto ngalonto. Ikhangeleka njengexhakamfulayo ebantwini. Hla- . . .

¹⁶⁵ Ishumi elinesibhozo leminyaka ngoku, namhlanje! URebheka wam uneshumi elinesibhozo leminyaka ubudala, namhlanje. Ishumi elinesibhozo leminyaka, ndinqumle elilizwe, ndisoahlwaya ezi zinto. Kwaye xa ndibuya, unyaka emva konyaka, kongezeleke abafazi abajije iinwele kunokuba bekunjalo kuqala phambi kokuba ndaqalayo.

¹⁶⁶ Omkhulu, obalulekileyo umshumayeli wakwaMoya wandithabathela egumbini, malunga nonyaka ogqithileyo,

olungileyo, owaziwayo kakhulu, indoda eyaziwayo kwizwe-
ngokubanzi. Yathi ndi... “Mzalwana uBranham, mandibeke
izandla phezu kwakho ndikuthandazele.”

Ndathi, “Andiguli.”

167 Yathi, “Kodwa kukho into engalunganga.” Yathi,
“Mzalwana uBranham, uyakulonakalisa ulungiselelo lwakho.
Akukho mntu uyakusebenzisana. Akumangalisi njengokuba
abashumayeli bengenakusebenzisana nawe; yindlela
obohlwaya ngayo abafazi.”

Yathi, “Bona abantu bakubiza umprofeti.”

Ndathi, “Zange ndithi ndinguye.”

168 Yathi, “Kodwa bacinga ukuba unguye.” Yathi,
“Ndikholelwa kwalonto.” Yathi, “Wawubizelwe
ukuthandazela abagulayo.” Yathi, “Thandazela abagulayo,
kwaye ubayeke abafazi bodwa. Uyazihlabekisa imvakalelo
zabo.”

Ndathi, “Njani?”

169 Yathi, “Uthetha ngabo ngokujija iinwele nezinto.”

Ndathi, “Akulunganga oko.”

170 IBhayibhile ithi, “Umfazi o—ocheba iinwele zakhe, indoda
yakhe inelungelo lokumgxotha ngokumala.” Kulungile ngqo.
“Uyayihlaza intloko yakhe.” Yilonto iBhayibhile iyitshoyo.
Ngoku andazi nokuba niyayithanda lonto okanye hayi, kodwa
yilonto iBhayibhile iyitshiyo, kumaKorinte Okuqala.

171 [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]... nca efeleni
de ufele lubengaphandle. Kwaye baze be—beze bajikele,
bathi, “Kutheni, Mnumzana Branham, kuphela kwempahla
abazithengisayo.”

172 Basenamalaphu noomatshini bokuthunga. Akukho
sizathu. Abafazi bama-Amish nama-Dunkard basazinxiba.
Ngokuqinisekileyo. [Ibandla liyavuya—Mhl.]

Kwaye kwenzeka ntoni? Baphumela phaya baze
baqhubeke.

173 Umfazi wathi, “Heke, Mnumzana uBranham, andinxibi
mpahla zimfutshane. Ndinxiba mf-...” Zintoni zona, pedal
pu-... [Umzalwana uthi, “Pedal pushers.”—Mhl.] Ehe. Wathi,
“Ndiyazinxiba zona.”

174 Ndathi, “Kokona kubi oko.” Ndathi, “IBhayibhile ithi,
‘Kulisikizi ukuba umfazi anxibe impahla eyenzelwe indoda.’”
Kwaye ngumbono ombi kanjani le United States ngoku!
Yabona? Kulungile.

175 Mandikuxelele into, dade. Ungaba ngohlambulukileyo
njengeniyibiba, kwindoda yakho okanye kwinkwenkwe yakho,
kodwa ngeMini yoMgwebo uyakuphendula ngokukrexeza.

UYesu wathi, “Nabanina othe wajonga umfazi, wamnqwenela, uselemkrexezile naye.” Ukuba la moni uthe wakujonga, kwaye uyakuphendula ngeMini yoMgwebo. Uzizisile ngokwakho kuye. Zonelise. Uh-huh.

¹⁷⁶ Ingaba kutheni umfazi onobuthixo enokufuna ukunxiba ngolwahlobo? Ngoko ubanga ukuba unoMoya oyiNgcwele ngokuba uthethe ngeelwimi kwaye wabaleka unyuka usihla emgangathweni? Lo nto, nangona, ndibabonile abahedeni beyenza lonto, Onoqhakancu. UMoya oyiNgcwele ububunyulu, ungcwele, akadyobhekanga. Ngokuqinisekileyo.

¹⁷⁷ Le ndoda yathi, “Ukuba u...Bakholelwa ukuba ungumprofeti. Kutheni ungabafundisi ukuba zifumaneka njani izibabalo ezikhulu zikamoya, nokuba wenzelwa njani uThixo izinto? Kutheni ungabafundisi oko ukuba unguprofeti?”

¹⁷⁸ Ndathi, “Ndingabafundisa njani i-algebra xa bengenakwazi no ABC babo?” Uyazi ukuba u-ABC uthetha ntoni? “Always believe Christ” [Soloko Ukholelwa uKristu.—Xhosa]. Uh-huh. Uzakuyenza njani lo nto? Yabona, ufuna ukunyakula *phaya*, endaweni yokuqala ezantsi *apha*.

¹⁷⁹ UThixo uyakulakha iBandla Lakhe phezu kwesiseko sikaYesu Kristu, kwaye lo nto yiBhayibhile. Ngaphandle kwalonto, yonke eminye imihlaba yintlabathi ezikayo. UThixo akaguququki. Esakhe isimo asiguquki.

¹⁸⁰ Wamenza umfazi wahluka kwindoda, nendoda yahluka kumfazi. Wabanxibisa ngokwahlukeneyo, kwaye ufuna bahlale ngalondlela. Yabona? Umfazi ufuna ukukhangeleka njenge ndoda, nendoda ifuna ukukhangeleka njengomfazi. Owu, bethu! Okunjalo ukugqwetheka! Yi...Kwaye yonke into, ikhangeleka ibabambisile abantu, kwaye akunakuyiguqula lo nto. Kukhangeleka ingathi lizim elikhulu, ubumnyama obukhulu; ukuba uyayiqonda into endithetha ngayo, kumoya. Izim libabambisile, kwaye aba—abanako nje ukuziphuncula kuyo; okuninzi kwe Hollywood, okuninzi komabonakude, okuninzi kobunye ubuvuvu. Yonke into esiyifumanayo ingcolisekile. Akumangalisi, “Ukuba umsebenzi awuthi unqunyulwe ubemfutshane, ngenxa yabaNyuliweyo, bekungasayi kubakho nyama isindayo.”

¹⁸¹ Uthe, “Andizange ndiyazi lo nto ngaphambili.” Kulungile, ngoku uyayazi lonto, ukususela ngoku kuqhubekeke. Yabona? Yi...Kungcono ndiyayeke lo nto. Masibuyele emva. Qaphela.

¹⁸² UYohane wayengumqondiso. Kwaye khumbula oko, indlela uThixo awayenza ngayo kwixesha lokuqala, yilondlela Ayakuyenza ngayo kwakhona. Wathembisa ukuyenza. Ngoku, UThixo zange asebenzise iqela labantu, nangaliphina ixesha, ngenjalo.

¹⁸³ Khumbula, kwakukho iqela ngelinye ixesha, ela, indoda enkulu ebizwa ngo-Ahabhi, yazifumanela a...wazifunela

amakhulu amane abaprofeti bamaSirayeli. Ngoku, bona babengengobahedeni babaprofeti. Amakhulu amane abaprofeti bamaSirayeli. Babenezidanga bonke nayo yonke into, benesikolo esikhulu.

¹⁸⁴ Kwakukho indoda enobuthixo ebizwa ngoYehoshafathi, owayengukumkani kwaYuda, kwaye wehla. Kwaye kulapho ikholwa lixubana khona nongakholwayo. Izinto zahamba ngokungalungi.

¹⁸⁵ Kwaye wathi, “iRamoti-Giliyadi.” Ngoku qaphela oku, enokuba njani inyaniso enokuba yiyo. Wathi, “iRamoti-Giliyadi yeyethu, phesheya phaya. Phesheya endaweni yelizwe phesheya phaya, yeyethu.” UYoshuwa, ekuwabeni umhlaba, wayinika uSirayeli lonto. Kwaye amaFilistiya, abahedeni, beza baze bayithatha kuwo. Watsho, “Iyeyethu.”

¹⁸⁶ Ngoku qaphela njani, ngokwasengqondweni, abantu bangalunga kodwa noko bayiphose Lonto. Into okunene ibiyeka Sirayeli. Kodwa zonke izithembiso zikaThixo, mzalwana, zingezibambiso, yabona, “Ukuba bathe bahamba phambi kweNkosi.”

¹⁸⁷ Ngoku jonga apha. Wathi, “Uyakunyuka nam, undincedise ukuwuthatha lamhlaba siwubuyise? Kulungile, bona, ngabo abantwana bamaFilistiya bazalisa izisu zabo phaya, ngengqolowa eyekaSirayeli.” SiSibhalo ngokulungileyo. Wathi, “Ndincedise ndinyuke ndiwuthabathe.”

¹⁸⁸ Wathi, “Kulungile, i...” Kulapho wenza impazamo ekhawulezileyo. “Inqwelo zokulwa zam zezakho, abantu bam banye njengabakho. Ndiyakuhamba nawe.”

¹⁸⁹ Waza uYehoshafati waqalisa ukucinga, uyazi. “Wathi, besingenakubuza iNkosi malunga noku phambi kokuba sihambe?”

¹⁹⁰ “Owu, kunjalo,” watsho u-Ahabhi, “ngokuqinisekileyo. Uh-huh. Uxolo. Ndi—ndifanele ukuba ndiye ndakucinga ngoko.”

“Akukho mprofeti apha?”

¹⁹¹ “Owu, ngokuqinisekileyo. Ndinabo—ndinabo i—intlaninge yabo ezantsi apha, abangcono onokubabona. Bonke banxiba impahla ezona zintle. Bangabachubeke kakhulu ngesikolo. Ndibafundisile, kude kuye kwisingxi. Siyakuya sibabize.”

¹⁹² Ngoko behla baya khona. Kwaye baqokelelana bonke. Babengengo bahanahanisi. Bathandaza kwaye bathandaza kwaye bathandaza, de babona umbono.

¹⁹³ Baza ngoko beza. Kwaye omnye wabo wazenzela iimpondo ezimbini zesinyithi. Wathi, “Ngoluhlobo uyakuwagqula amaFilistiya, okanye a—amaSiriya, nibatyhalele ngaphandle kwelizwe.” Wathi, “ITSHO INKOSI. Nyuka, iNkosi inawe.”

Wonke ngamnye kubo, baze, ngamxhelo mnye, babakumoya. Abaprofeti bamaSirayeli bathi, “Nyuka, iNkosi inawe.” Uthi, sisiSibhalo eso? “UTHixo walinika abantu elilifa, kwaye utshaba likulo. Unelungelo lokuya ulithabathe.”

Ngoku, bakwaMoya, ndifuna nifumane isifundo apha.

¹⁹⁴ Kodwa, uYehoshafati, ekubeni eyindoda enobuthixo, wathi, “Kukho into encinci engalunganga.” Wathi, “Aninaye omnye ngaphezulu?”

¹⁹⁵ “Omnye ngaphezulu, emva kwamakhulu amane abona baqeqeshiweyo abaprofeti beme apha?” Ngokobuninzi beme kulomgangatho usezantsi apha. “Beme bemxhelo mnye, besithi, ‘ITSHO INKOSI.’ Yijike umva, kwaye uthi, ‘UYoshuwa uwunike thina lo mhlaba. Ngowethu. Yiya kuwuthabatha!’”

¹⁹⁶ Kodwa uYehoshafathi wafuna omnye. Wathi, “Akukho omnye esingabuza kwiNkosi ngaye?”

¹⁹⁷ Wathi, “Owu, ukhona omnye, kodwa,” wathi, “ndimthiyile.” Uh-huh, uh-huh. Wathi, “NguMikayi, unyana ka-Imla.” Wathi, “Ndimthiyile. Usoloko ethetha izinto ezimbi ngam.”

Wathi, “Makangatsho njalo ukumkani. Yiya uze naye.”

¹⁹⁸ Baze bathumela iimbaleki ezithile apho. Kwaye abanye babo bathi, “Ngoku, Mikayi, ndifuna ukukuxelela into. Ngoku, uyazi bakukwayile wena, -yile wena ebudlelwaneni, kungekudala, ngokuba usoloko usitsho izinto ezimbi ebantwini. Ngoku ukuba ufuna ukufumana ikhadi lakho lobudlelwana, yitsho into enye abayenzayo, kwaye, owu, bayakukufaka nje ngqo phantsi kwekhwapha labo.”

¹⁹⁹ Kodwa kwenzeka ukuba abe ngenene wayenguye umprofeti. Wathi, “Ihleli nje iNkosi uThixo, ndiyakuthetha oko uThixo akubekileyo emlonyeni wam.” Owu! UThixo ayisikelele le ndoda. Wathi, “Linda kude kube ngobubusuku, kwaye ndiyakubona endixelela kona iNkosi.”

²⁰⁰ Ngentsasa elandelayo, wathi, “Nyuka, kodwa ndibona uSirayeli ezintsali njengezimvu ezingenamalusi.” Ngoko wathatha umbono wakhe wawuthelekisa noko wakuthethayo u-Eliya, kwenzeka ntoni ku-Ahabhi. Angayisikelela njani into ibiqalekisiwe? Nokuba kukangakanani . . .

²⁰¹ Sisizwe esinobuthixo. Icawa yakwaMoya, iBhaptizi, ne Wisile, njalo-njalo, zizicawa zobuKristu, kodwa ungayisikelela njani into eqalekisiweyo nguThixo? Andikhathali, uthi, “Ndi—ndizixokomezele *kule*. Ndenze *le*.” Ayinanto yakwenza nanye into kulonto. Jonga into oyenzileyo. Jonga kwaMoya, bayithobe njani imivalo. Jonga owawuqhele ukuba kuko, kwaye jonga okuko ngoku. Akumangalisi, amehlo a, amehlo amfanyekiswe.

202 Ngoko wa, u-Ahabhi, u...Lo mbingeleli wamqhwaba ngempama emlonyeni. Waze wathi, “Mvaleleni,” kwaye u-Ahabhi wathi, “mvaleleni emva phaya kwesiphakathi isisele. Xa ndithe ndabuya ndinoxolo, ndiyakujongana naye lomfo.”

203 Wathi, “Ukuba uthe wabuya konke-konke, uThixo woba akathethanga kum.” Uh-huh? Yabona? Kwakukho umprofeti, kwakukho umqondiso; kwakukho ilizwi Lakhe. Kwaye, ukusilela ukulithobela, kwazisa umgwebo.

204 UMoya oyiNgcwele ungumprofeti wethu namhlanje. Ukusilela ukuliva iLizwi Lakhe? Wazisiwe eSibhalweni, ukuba Uyakuzithetha ezi zinto. UYesu Kristu, imo kaMoya oyiNgcwele!

205 UThixo wasebenza ngale ndoda inye. Lo, uThixo zange asebenze namaqela; iba yindoda enye. U-Eliya wayengeloqela. UYohane wayengeloqela. Babengeloqela okanye ihlelo, bengelilo nelinye kuzo. Kodwa bobabini bayohlwaya lo nto. Ilungile lonto. UYohane wathi, “Sanukucinga nithi sino-Abraham ubawo wethu. UThixo unako kulamatye ukumvelisela abantwana u-Abraham.”

206 Kwaye umqondiso wokuphela kwexesha uyakuba neLizwi lokuphela kwexesha. Kwaye umqondiso wokuphela kwexesha uyakuba ngokuqikelelwe yiBhayibhile. Kwaye iLizwi lokuphela kwexesha, elilandela umqondiso wokuphela kwexesha, uyakwaziswa kokuthe ngqo eSibhalweni, uyakuba siSibhalo ebessithenjiswe.

207 Ngoku sifunde kuLuka 17 ukuba umqondiso wokuphela kwexesha uyakuba yintoni, uyakuba njengokuba kwakunjalo eSodom, isithembiso. Kwaye sinayo iSodom endalweni, kutheni singenakuwukholelwa umqondiso kumoya apha? Ukuba ungazibona iZibhalo, ngokunjalo, uLuka 17 ngumqondiso, noMalaki 4 liLizwi. Umqondiso wawunjengoThixo ebonakaliswe enyameni, esazi imfihlelo zentliziyo; kwaye iLizwi likaMalaki 4 lalibasusa abantu kude nemigaqo yabo, libabuyisela kuKholo looyise. Ngumqondiso lowo.

208 Uyazi intoni? Ndiyavala ngoku. Imiqondiso isoloko isamkelwa, ngokuqinisekileyo; kodwa, ilizwi, owu, hayi. Ilizwi elilandela umqondiso, abafuni nto yakwenza nalonto. Ewe.

209 Umqondiso kaYesu, njengoMesiya, ukuphilisa abagulayo, bayamkela lo nto. Kodwa ngenye imini Wathi, “Mna noBawo siBanye.”

210 Owu, bethu, elalizwi lalingamkelwanga. Bathi, “Uzenza uThixo, olingana noThixo.”

Wathi, “NdinguNyana kaThixo.”

211 “Owu, bethu, angabanaye njani uNyana uThixo? Yabona, mayibekude le kuThixo ukuba noNyana!”

212 Kodwa, uyabona, bakholelwa u—umqondiso, abagulayo babephiliswa, kwaye, owu, oko kwakumangalisa, kwakukuhle nje. Kodwa xa ifika kwilizwi, zange bafune ukukholelwa ilizwi. Benza ntoni? Bamkhuphela ngaphandle Yena.

213 Kwaye uyazi intoni? IBhayibhile iyasixelela, kwiSityihilelo isahluko sesithathu, kwesi Sigaba seBandla laseLawudike, ukuba Uyakwenziwa kwa into enye. Wayengaphandle kwebandla. Lilizwi lenziwe libonakalisiwe. Waye eliLizwi libonakalisiwe. Use liLizwi libonakalisiwe.

214 Ukuba ungawukholelwa umqondiso waseSodom, kaLuka, ukuba ungakholelwa oko, ngoko kutheni ungenakwamkela iLizwi likaMalaki 4? Yabona, kutheni ingenguwe wena, wena? Ingangqinelwa. Kuphela kwendlela enokwenziwa ngayo ku. . . Umqondiso ungaphuhliswa, kodwa kufuneka wamkele iLizwi.

215 UMoses wayegunyaziswe ukuba ehle, ngokusendalweni, afumane umqondiso kamoya ukuze abize abantu ebabuyisela kwisithembiso sooyise.

216 UMalaki 4 ngowokubuyisela abantu “Emva kuKholo looyise.” Owu, ukubuyela, Owu zimfama nabachithiweyo, niye kowenu!

217 Elokuvala, ndingatsho oko, okukucaphula kokugqibela. Umprofethi wathi, “Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa.” Jonga, wathi, “Kuyakubakho imini engayi kubizwa ngokuba yimini okanye ubusuku.” Ngoku mamela. Ndiyavala. “Kuyakubakho imini. . .” Mayizike nzulu le nto, kwaye wanga uThixo angayibeka kuyo yonke intliziyo kwesixeko, ngobubusuku, kweligumbi lentlangano. Umprofeti wathi, “Kuyakubakho imini engasayi kubizwa ngokuba yimini okanye ubusuku, into enje ngorhatya, ukunetha, imini enenkungu. Kodwa,” wathi, “ngexesha langokuhlwa, kuyakubakho ukuKhanya.”

218 Ngoku, khumbula, ilanga lisoloko liphuma eMpuma libheke entshona. Impucuko ilandele ilanga. Uyayazi lonto. Kwaye, qaphela, kwa ilanga elinye eliphuma eMpuma likwalinye nelo litshona eNtshona. Ngoku, impucuko ityhutyhe ngqo kunye nelanga, kude ngoku ibe iMpuma neNtshona zidibene. SikuNxweme lwaseNtshona; iMpuma neNtshona.

219 Kwaye, khumbula, Iindaba Ezilungileyo zityhutyhe ngendlela enye. Zaphuma eMpuma, ukuza kukaYesu Kristu, “uS-o-n,” [N-y-a-n-a.—Xhosa.] hayi “S-u-n.” [L-a-n-g-a.—Xhosa.] N-y-a-n-a, uNyana kaThixo, evuka eMpuma, ukuya kubantu baseMpuma.

220 Kwaye ngoku kukho imini apho abantu bazixokomezela ebandleni, benza amahlelo, nje ukukhanya okoneleyo bokubona, “Kulungile, siyakuba necawa. Siyakwakha le.

Siyakwakha isikolo. Siyakwakha isibhendlela. Siyakufundisa. Siyakuba nesikolo selizwi.” Babenokukhanya okoneleyo bokukwenza oko.

²²¹ Kodwa, khumbula, iBhayibhile ithi, umprofeti weNkosi, eBhayibhileni, engu ITSHO INKOSI, “Ela langa linye lakhanyayo eMpuma liyakukhanya kwakhona eNtshona, ngexa langokuhlwa. Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa.”

²²² Uyakwenza ntoni Yena? Lonto yenza ngqo into Ayithethileyo kuLuka isahluko se17. “Ngexesha lesiphelo, xa uNyana womntu etyhilwa ngendlela enye Ewayeyiyo eMpuma, uNyana omnye ekhanya, aMandla amanye, uMoya oyiNgcwele omnye, into eNye isenza into enye. Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa.”

²²³ Ilanga elinye elityhutyhileyo; uS-o-n omnye utyhutyhile; weza ezantsi ngeMpuma, ukusuka kuPawulos; watsibela eJamani, kuMartin Luther; watsiba kwakhona, kudontso Lwakhe olulandelayo; waza wamka apho waya eNgilane, kuJohn Wesley; watsiba wanqumla uLwandlekazi lwe-Atlantic, ukuya e-United States, kwaMoya; kwaye ngoku okwa kwaMoya kuzinyamalalisile, kwaye sikuLwandlekazi.

²²⁴ Bonke ngabanye kubo, bazenza ihlelo, njengoko benzayo nje ekuqaleni, benza iqumruhlo elo uThixo waliqalekisayo. Okwa kuMoya, nako konke, kwenza oko.

²²⁵ Kodwa Wathi, “Kuyakubakho ukuKhanya ngexa langokuhlwa. Kuyakubakho umqondiso oyakuphuma ngexa langokuhlwa.” Ningayiphosi Lonto, zihlobo. Ningayiphosi Lonto. Ngoku, kwalo Nyana uyakunika kwa oko kuKhanya. Kwayena u s-u-n unika ukukhanya ko s-u-n. Kwalo S-o-n unika kwa ukuKhanya ko S-o-n.

²²⁶ Ngoku, ayikokutsho kwam. Wonke umntu apha, uyayazi iBhayibhile iyayitsho lo nto, phakamisani izandla zenu. [Ibandla lithi, “Amen,”—Mhl.] Ilunge ngqo lo nto.

²²⁷ Ngoku, unganako, kuxhomekeke kuwe. Kholelwa ukuba uNyana kaThixo, uYesu Kristu, wa, akafanga. Uyaphila. Ukwintobeko, ngokuzithoba. Wasoloko ehleli njalo. Indlela enyukayo isezantsi. Zithobeni, sukani kwimbono zenu ezilukhuni, kwaye nikholelwe iNkosi UYesu. Yabona umqondiso, ngoko kholelwa iLizwi. Buyani, Owu bachithiweyo, niye kowenu!

Masithobiseni iintloko zethu.

²²⁸ “Kwaye ukuba abakholelwa liLizwi lowokuqala umqondiso, osesandleni, njengokuba kwakunjalo kuMoses, ngoku yenza umqondiso wesibini. Ngoku, ukuba

abawukholelwa lomqondiso, ngoko thabatha amanzi (amanzi angumfuziselo wobomi) aselunxwemeni okanye elwandle, wagalele emhlabeni, ayakuba ligazi.”

²²⁹ Bawo wethu waseMazulwini, ngenene kusemva kwexesha ngoku, kodwa Uthembisile kuyakubakho ukuKhanya ngokuhlwa. Yenza iLizwi iVangeli yethu izike nzulu ezintliziyweni zabantu, besahlalutya kuLo kwaye beliefunda ngeLizwi.

²³⁰ Sikelela esisixeko, Nkosi. Sikelela ababantu. Ndibabona behleli apha, belambile, abantwana abahluphekayo bekhatywa kwaye bexinzelelwa, kwaye *oku*, ndisazi ukuba uSatana wenze oko nje umfamekisa bona kwinto xa Ifika phaya. Banga, ngobubusuku, ngamxhelo mnye, bamkholelwe uYesu Kristu, bakholelwe isithembiso Sakhe, sokuba Uvukile kwabafileyo.

²³¹ Uthe, “Ngexesha abangalicingelanga, ngoko uNyana womntu uyakuza.”

²³² Xa kanye ibandla lifumana eyalo, lifanelwa yimali eninzi, lakhe izigidi zedola zezakhiwo. Bebeyakubangcono ngaphandle, Bawo, ndiyakholwa, emva ekumeni ekoneni, ebetha i—itambourine, enomnqwazi esandleni zabo, igubu elidala ekoneni njengoMkhosi Wosindiso, kunokuba ebenokuhlala kule mikhulu imikhence yokugcina izidumbu ngobubusuku, ezama ukuzihombisela ilizwe, “Benokumila kobuthixo, kwaye bewakhanyela aMandla oko.”

²³³ Siphe, Nkosi, kobubusuku, okwesisihlandlo, Nkosi; njengokukhala kukaSamson, “Okwesisihlandlo, Nkosi, okwesisihlandlo.” Makwazeke ukuba Wena unguye uKristu, uNyana kaThixo; okwanguye izolo, namhla, naphakade. Kwaye ozibonakalisileyo Yena phakathi kwethu, ukuze bawubone umqondiso, mhlawumbi bayakulikholwa iLizwi. Oku, ndikucela eGameni likaYesu Kristu. Amen.

²³⁴ Sizakubiza umgca wokuthandezela, ngokukhawuleza. Ndiyabona ukuba lelona xesha ngoku besinqumamile. Kodwa masibe nomgca wokuthandezela, nje umgca omncinci wokuthandezela, ze siqalise ngomso.

²³⁵ Uwakhuphile amakhadi okuthandazelwa namhlanje. Ngoko ke, sikhupha amakhadi ngosuku ngalunye, ukuze ngamnye ubani afumane ithuba lokuba ezile, ixesha elingaqhelekanga. Ukuza kumgca wokuthandazelwa, oko akukuphilisi. Wonke umntu uyazi, kuzo zonke iintlangano, kukho abaninzi abaphiliswa ngaphandle phaya kunokuba bephiliswa apha kulendawo, yabona, okokoko. UMoya oyiNgcwele ungokhoyo nje lonke ixesha. Usoloko ezama ukufumana amakholwa, kuphela, Angafikelela kuko.

²³⁶ Kunikezwe amakhadi okuthandazelwa u-P, njengakuPawulosi. Masi, apho besi...Kulungile, biza

kwisinye. Isinye, mbini, thathu, ne, hlanu, thandathu, sixhenxe, sibhozo, sithoba, shumi, mabame *kule* ndawo, ukuba banganakho. Amakhadi abo ango-P, njengakuPawulosi, isinye ukuya kwishumi, yimani apha kulendawo khona *apha*, ukuba ninganakho yimani ngenyawo. Ukuba aninakho, ngoko siyakufumana mntu uthile anincede. Ishumi; isinye, mbini, thathu, ne, hlanu, thandathu, sixhenxe, sibhozo. . . Kulungile, amabini ngaphezulu. Sibhozo, sithoba, shumi, kulungile. Ishumi ukuya kwishumi elinesihlanu, sisihlanu ngaphezulu. Ishumi elinesihlanu ukuya kumashumi amabini, yimani ngenyawo ukuze ndinibone ukuba niyema na; P, ishumi elinesihlanu ukuya kumashumi amabini. Amashumi amabini ukuya kumashumi amabini anesihlanu. Masibone ngoku, naphina apho ukhoyo. Ngoku makahloniphe ngenene wonke osesihlweleni, nje imizuzu embalwa. Iyakuba likhadi lokuthandazelwa u-P, isinye ukuya kumashumi amabini anesihlanu. Akunjalo? Amashumi amabini anesihlanu, isinye ukuya kumashumi mabini anesihlanu.

²³⁷ Ngoku wonke omnye umntu makahloniphe ngenene. Nika uThixo lantlonipho inkulu, nika uMyalezo. Uyamtyala uThixo, ukujonga okomzumzu ugqale.

²³⁸ Ngoku ndicinga benza abantu balunge. Bona abo banga. . . Ukuba banalo ikhadi lokuthandazelwa, abamiswa ngomgca, bayakufumana; bayakundixelela kwimizuzu embalwa, kwaye bayaku. . . ngoko siyakubona ukuba mhlawumbi mntu uthile sisithulu okanye umntu ongenakho.

²³⁹ Andazi ukuba aphi, zihlobo, wona amakhadi okuthandazelwa. Inkwenkwe iyeza apha. . . [UMzalwana uBranham ubuza umntu eqongeni, “Ngubani owakhuphileyo? Nguwe, okanye nguBilly? uBilly?”—Mhl.] Xa esiza, aze awaxube wona amakhadi, phambi kwenu bantu, aze aninike ikhadi lokuthandazelwa; ehle eze, anixelele nonke ukuba nihlale phantsi, aninike ikhadi lokuthandazelwa. Yabona? Andiwazi ukuba aphi na. Bendizama ukumfumana lomntwana ukuba aze apha, yabona. Kwaye, abanye, a—andazi ye, a—andinandlela yokuyazi lo nto. Ndiyaqikelela nje ukuba uThixo umise londlela Afuna ukuba imiswe ngayo.

²⁴⁰ Ngoku, ngoku uninzi lwenu, abangenawo amakhadi okuthandazelwa. Phakamisa isandla sakho, uthi, “Andinalo ikhadi lokuthandazelwa, kodwa ndiyagula.” Phakamisa isandla sakho, naphina apha esakhiweni. Andikhathali nokuba uphina, phakamisa esakho. . . Kulungile, akukho bantu baninzi ngoko apha, ngoku. Kulungile, ngokwalonto, ayiyikuthatha thuba lide ukuthandazela umgca wokuthandazela ngoku ngomso. Kukho malunga namashumi amabini apha, ngaphandleni koku kume apha, abagulayo.

²⁴¹ Kuhle oko. Ndiyavuya ukunibona nikwamkela ngoluhlobo oko. Ninokholo olungaphezulu koko bendinicingela ngako, mhlawumbi. Yabona? Yabona? Ukuba niyamkele impiliso yenu, lahla ikhadi lakho, uThixo akusikelele. Lukholo lwenene. Akukho mntu ubeke isandla phezu kwenu; nibeke izandla zenu kuKristu.

²⁴² Ngoku nilapha ngobubusuku, oko akuzukuba kungca wokuthandazelwa, uyalikholelwa elibali. Njengomfazi owachukumisa umqokumbelo wengubo Yakhe, waze Wajika kwaye waqonda ukuba umchukumisile Yena, bangaphi abalikhumbulayo elo bali? Ngokuqinisekileyo, ninjalo.

²⁴³ Ngoku niyayikholelwa lonto, Yena, iBhayibhile ithi kumaHebhere 4, ukuba, “Ungumbingeleli oMkhulu, ngoku kanye, onokuchukunyiswa ziimvakalelo zobulwelwe bethu”? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kulungile, ukuba ikwaNguye izolo, namhlanje, naphakade, Akanakwenza ngohlobo olunye? [“Amen.”] Akayenzanga Yena, ubusuku emva kobusuku, apha? [“Amen.”] Bangaphi ababekweminye imihlangano bambone Yena esenza lonto? Nje phakamisa. [“Amen.”] Ngokuqinisekileyo. Yabona? Ngokwelizwe jikelele! Uyazi, Wazi konke ngawe.

²⁴⁴ Ngoku bona endizama ukwenza. Bangaphi abakuqondayo endifuna nikwenze? Yabona? Ndifuna nina, ngaphandle nabanina obeka izandla kuni, ndifuna nina, njengesahlulo soqobo sikaThixo, uthi, “Yesu Kristu, ndiyakholwa nguWe. Ndamkela Wena ngoku njengomphilisi wam. Ndamkela Wena ngoku njengoMsindisi wam. Ndiyayikholelwa ngentliziyo yam yonke, umsebenzi wayo wenziwe.” Ngoko bamba eso sithembiso, bamba uvumo lwakho uze uhambele phambili naso. Qaphela kwenzeka ntoni. Yabona? Qaphela kwenzeka ntoni. Yabona? Ngoku yilento ndizama ukunenza niyenze, eyona ndlela ekufaneleke siyikholwe.

²⁴⁵ Ubusithini? [Mntu uthile uthi, “Isine neshumi elinesithoba.”—Mhl.] Inani lesine, ikhadi lokuthandazelwa lenani lesine kunye nenani leshumi elinesithoba, adukile. Ikhadi lokuthandazelwa lesine. Jonga komnye umntu; jonga ikhadi lommelwane wakho. Ikhadi lokuthandazelwa lenani lesine kunye nenani leshumi elinesithoba. Konke kulungile, okumzuzu nje, lindani. Yabona, ukuba andimbizi yena, ngoko kuphinda kubuye kum, uyabona. Uthini? Uthini? [“Isine.”] Usifumene isine? Malunga naphi nesithoba-...Hayi ishumi elinesithoba ngokunje. Uthini? [“Kudibanise isine.”] Ikhadi lokuthandazelwa lesine alikabikho okwakalokunje, okanye ishumi elinesithoba. Ukuba umntu unawo lo makhadi, ukuba unokuza apha emgeeni. Okanye, jonga, bona, ingaba... unalo naliphi... Ingaba lamntwana umncinci unalo ikhadi? Hlola, asililo... Asililo inani. Ingaba *elinenekazi* apha linalo ikhadi,

kwesisitulo samavili? Hlola inani lakhe. Ingaba li—ingaba linani lakhe? Inenekazi kumondlalo, huh? Balifumene. Ba, aphelele ngoku. Kulungile. Kulungile konke. Ngoku—ngoku, nina bantu banamakhadi okuthandazelwa, wagcineneni. Sizakusebenza, ngobabalo lukaThixo.

²⁴⁶ Ngoku, zihlobo, obu ibubusuku bokugqibela esizakuba nabo, ngomso yiCawa emva kwemini, masizole. Ngoku thatha konke ukungakholwa onako nayo nayiphi—nayiphi ingcinga engenangqiqo, uyibeke phantsi emgangathweni, ubeke unyawo lwakho kuyo, njengoko kwakunjalo. Uthi, “Nkosi Yesu, ndizakuKukholelwa.” Bangaphi abayakuyenza lo nto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Enkosi. UThixo anisikelele.

²⁴⁷ Ngoku kungabikho mntu uhambayo. Hlala uzinze kunene, kwaye ukholwe. Khangela ngalendlela, kwaye ngoku ujonge.

²⁴⁸ Ukuzazisa kukaThixo kusoloko kusazi, kungabona okwakukho, kuchaze okwakukuko, injani lonto, okanye kuyakuba yintoni. Siyakwazi oko. Babesaziwa njalo abaprofeti. Waziwa njalo uYesu njengoMesiya. Kwaye UnguMesiya omnye namhlanje njengoko Wayenguye ngoko, kuphela ngaphandle komzimba wakhe apha emhlabeni. Wathumela uMoya Wakhe ukuze asebenzise umzimba wakho, umzimba wam. Ngoku, ungangakwazi ukukwenza oku. Siyazi, eSibhalweni, kukho omnye kwisizukulwana. Kodwa, yabona, kodwa noko ungayikholelwa yona, kwaye unezinye izinto onokuzenza, wonke umntu.

²⁴⁹ Ukuba ngaba umnwe wam uthi ugqibe, ngokuba ungelomehlo lam, ayizukuba ngumnwe wam nanini? Kungathini ukuba lengalo inokuthi, “Andizukuphakama kwakhona nanini, kuba ukuba ndingelomehlo, okanye indlebe, andizukuba yingalo”? Kutheni, iyakuwukhubaza umzimba wam.

Yiba yilonto uThixo akubeke ukuba ube yiyo.

²⁵⁰ Mangaphi amaxesha ndimncoma u-Oral Roberts, uBilly Graham, uTommy Osborn!

²⁵¹ Amanye alo madoda ahamba apho athi, “Uzuko kuThixo! Yikholelwe!” Ukholo lwenja enamadla. Hambela phaya, baphume apho bedlamkile kunokuba benokuba njalo.

²⁵² UBilly Graham ume nomyalezo, kwaye uthetha nabantu imizuzu embalwa, athi, “Yenza isigqibo sakho; yiza esiguqweni.” Yima nje apho, ungapinde wenze enye intshukumo.

Wathi, “Ngoko kutheni usenza lonto, Billy?”

²⁵³ Ndathi, “Umyalezo wam waphuma. Usuka kuThixo.” Ilungile lonto.

²⁵⁴ Ukwela bandla laseSodom, nje ngendlela ekufaneleke kube yiyo. Igama lakhe liphela ngo h-a-m ukusuka ku-

Abraham, amagama amathandathu; u-Abraham ayesixhenxe. Yabona umthunywa welobandla, ezantsi phaya eBhabhilon? Ngokuqinisekileyo. Akukho ndoda elizweni ebambeleyo kulaa myalezo wenguquko, njengo Billy Graham. Ume phaya. Ahambe amke phaya, kwaye ayokutya inyama elithambo elingu T aze aye kulala, asele ubisi lweenkozo. Kuko konke okulungileyo.

²⁵⁵ Kwaye xa kufuneka umile ulwe oosathane! Ngelinye ixesha eLong Beach, uMzalwana uJack kunye nam... Uyihlo wayeme apho.

²⁵⁶ Kwaye nanko emile uMnu. Fuller, Charles Fuller, umzalwana olungileyo, emile apho eshumayela. Malunga namawaka amabini okanye amathathu abantu apho ngalomva kwemini. Sahlala saphulaphula kwintlanganiso yakhe. Ndandinendlu yentlanganiso endandiyiqeshile, emva kwakhe. Kwaye wema apho wenza entle intetho. Waze wathi, “Ukhona nokuba ngubani ofuna ukwamkela uKristu?” Isibini okanye isithathu sabantu sehla ukuya kusikelelisa abantwana babo. Omnye umfazi wathi ufuna ukuyamkela. Weza wanikezela ngomthandazo omncinci, omnye wamadikoni, wabuyela emva wahlala phantsi. Waxhawula isandla, wajika wemka. Nabo ke ubukrelekrele bakhe, iqela labantu abanxibe kakuhle, baphuma bemka apho.

²⁵⁷ Nako kusiza eyam ngaphakathi, iidyasi ezinde, izitulo zamavili, mfama, silima, okhubazekileyo, onzakeleyo. Xa ukholo lwakho lujongene nento enjalo!

²⁵⁸ Ngoku apha, yintoni endiyibangileyo ayiyo uKristu? Kwaye ngoku abangakhulwayo behleli jikelele, befuna ukufuna libelinye igxeke, yabona, nje ukufumana libelinye igxeke.

²⁵⁹ Khumbula, apha kungekudala kakhulu eToronto, sasimile apho sishumayela, sithandazela abagulayo. Ndasoloko ndisiva umoya ongaqhelekanga; wawuhleli ngasekunene kwam. Ndaqhubeka ndiwuqaphela. Kwakukho indoda eyayihleli apho, iqela lalimqeshile ukuba eze kundozelisa. Ubesakuya kwisigqubo somkhosi aze awenze amajoni ahambe ngezandla aze akhonkothe okwezinja, nezinye izinto; ukozelisa. Ndawuva lamoya kamtyholi. Ndandingazi ukuba uvela ngaphi na. Ndaqhubeka ndiqwalasele. Ndabona esasithunzi simnyama. Ndalinda nje okwemizuzu embalwa. Ndathi, “Wena mntwana kaSathana, kutheni umtyholi ekumfamekisele ingqiqo yakho kwinto enjalo? Ngokuba uze kubhukuqa uThixo, ucela umngeni kuMoya kaThixo, bazakufunqula bakususe apho.” Wakhubazeka ngoko nangoko esesitulweni sakhe kwaye usakhubazekile nangoku. Yabona?

²⁶⁰ Asidlali cawa. Bangaphi ababekwimihlangano kwaye babona ezinto ezinjalo sisenzeka, niyazazi izinto ezenzekayo? Ngokuqinisekileyo. Kulungile. Khumbula, hlo—hlonipha.

Ngoku yiyo le, ndifanele, umntu wokuqala. Kulungile oko?

²⁶¹ Ngoku, yabona, ndishumaye, ndinixelele ngokwenene oko bekufanele ukwenzeka kulo mhla. Ngoku lowo ngumqondiso, xa usenzeka. Yilonto wawunguwo umqondiso, ngoko kholelwa iLizwi elilandela umqondiso. Yabona?

²⁶² Ngoku nanku umfazi. Ngokwenene, kuni baqalayo ukuza, lo nguYohane oNgcwele 4, apho iNkosi yethu uYesu wadibana nomfazi equleni. Babengazanga badibana ngaphambili, ebomini, kwaye Wamxelela umfazi ukuba yayintoni ingxaki yakhe. Kwaye waqonda ukuba lowo yayinguMesiya. Uyalazi ibali? Apha yilonto kwakhona, indoda nomfazi bayadibana. Ngoku akanguye umfazi, nam andiyiyo la Ndoda, kodwa isenguye uThixo. Yabona? Ngoku, uYesu wathi, “Imisebenzi Endiyenzayo niyakuyenza nani,” UYohane oNgcwele 14:12.

²⁶³ Ngoku, nenekazi, ndingakwazi, ndingenafifi ukuba umele ntoni apho. Ingaba yingxaki yasekhaya. Ingaba yeyomnye umntu. Mhlawumbi uyagula. Mhlawumbi yi... Mhlawumbi ume apho, ubeke nje into. Ukuba yiyo, fumana nje okwenzekayo. Yabona? Mhlawumbi ulinganisa into. Nokuba yintoni, andi... Ungaba likholwa lenene. Oko andikwazi, kodwa uThixo uyazi. Kodwa uzakwazi ukuba Ukuxelele inyaniso okanye hayi, akunjalo? Ukuba yinyaniso, uyakuyazi lonto.

²⁶⁴ Ngoku, yabona, yilonto ukholo lwakho luya kuyo. Ungathanda kangakanani ukuza apha? Ngoku ukuba nawuphina umntu uyakholwa ukuba ayilunganga, yiza apha uthathe esisigulane, yiza apha ubathathe bonke. Ngoko ukuba akunakuyenza lo nto, ngoko sukundohlwaya mna. Yabona?

²⁶⁵ Ngoku jonga apha, dade, okomzuzu. Ngoku andinaluvo, nantonina ngawe. Ungumfazi nje ome phambili apho.

²⁶⁶ Ngoku ukuba iNkosi uYesu Kristu, uNyana kaThixo, Lowo ndimphuhlileyo ngeBhayibhile, uthembisile ukuba Uyakubuya ngeentsuku zokugqibela kwaye Azityhile ngokuzelelo ngoMoya Wakhe.

²⁶⁷ Kanye njenge Bandla linyuka; njengokuba isuka emntwini, konke ukusuka ezinzwaneni, ukunyuka kuze emathangeni, kunyuke kuze entloko, kwaye intloko yintloko yomzimba. Kwaye uMzimba unyukile, ukusukela kwiBandla lokuqala, yenyuka yeza apha phezulu, kule, kubahlaziyi, inyuke de kube ngoku. Inyuke yeza ngogwetyelo, ungcwaliseko, ubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele. Ngoku yiNtloko (Kristu) isiza eMzimbeni, uMzimba kaKristu. Nguye Kanye Owaziyo. Isandla sam asikwazi kushukuma, nje yintloko kuphela. Kodwa Nguye Owaziyo, yilonto EliliZwi.

²⁶⁸ AndiloLizwi. Ndingumntu. Kodwa, uyabona, Usebenzisa lomzimba. Ngokuba, Wafa ukungwalisa lomzimba, ukuze Awusebenzise, kwaye anike isipho. Njengokuyikhupha kwimeko yokuhamba, ngoko uMoya oyiNgcwele uthatha indawo.

269 Ngoko, ukuba Uyakuchaza okanye axele okwenzileyo, ulapha ngantoni, okanye into ngawe, uyakuyikholelwa lo nto. Kwaye isihlwele siyakuyikholelwa kwalonto? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Yanga iNkosi uThixo angasipha.

270 Ngoku ndithabatha wonke umoya, olapha, phantsi kolawulo lwam, ngenxa yozuko lukaThixo. Ngoku hlalani ngokuzola. Ningashukumi nizule.

271 Jonga apha, okomzuzu. “Jonga kum,” njengoko uPetroosi noYohane batsho, begqitha esangweni. Ngamanye amazwi, bonisa nje umdla kulento ndiyithethayo. Yabona?

UYesu wambuza umfazi imibuzo embalwa. “Ndiphe amanzi.”

272 Yabona, ndibe ndishumayela, into enye. UBawo undithumile apha e—eBaton Rouge. Ndilapha.

273 UBawo wathi Wayenesidingo sokuya eSamariya. Wahlala apho. Umfazi wayengowokuqala ukuza kuYe. Wenza lamqondiso mnye kula mfazi, kwaye isixeko sonke saguquka. Onjani umahluko e . . .

274 Ucinga, ukuba Ebenokwenza kwalonto inye, ngobubusuku, ucinga bonke abase Baton Rouge bayakuguquka? Ndiyakuthandabuza oko, akunjalo nakuwe? Ndiqinisekile ndinjalo. Kodwa sikwimihla yokugqibela, xa ukungcola kugqitha ukungcola okungaphezu kokuba kwakusaziwa.

275 Ngoku iimeko zenu. Ulapha ukuba uthandazelwe. Kunjalo ngqo. Kwaye ugula ngemeko yomqala. Ukuba kunjalo, phakamisa isandla sakho. Ayikokuphela oko, kodwa kukho umntu omthandazelayo. Ngumntwana, kwaye lomntwana unemeko yomqala. Kwaye yimeko yomqala womntwana, iyakhula emqaleni wakhe. Uyakholelwa ukuba uThixo uyakumphilisa, naye? Lo tshefu isesandleni sakho, le ubuyiphakamisele kuThixo, njengobungqina. Suyithandabuza ngoku. Hamba kwaye uyibeke itshefu phezu komntwana. Sukuthandabuza, ngentliziyo yakho yonke. UThixo uzakuniphilisa nobabini kwaye anenze niphile. [Udade uthi, “Makabongwe Yena! Haleluya!”—Mhl.] Ungayenza lo nto? [“Yesu! Enkosi, Yesu!”] Ngoko hamba, kwaye iNkosi ibenawe. [“Uzuko kuThixo! Haleluya!”]

Unjani? Asazani, nathi.

276 Uyakholwa? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Lowo ngumqondiso. Ngoku iLizwi, nali, “Buyela eLizwini!”

277 Andikwazi wena; Uyakwazi. Ukuba Unokundixelela into ethile malunga nawe, ngoko uyakukholelwa ukuba ela Lizwi endilithethileyo liyakugqinelwa? Kuku—kuku ngqinelwa kwaLo. Yabona? Ndathi Wayenza lo nto; kukuprofetha. Ngoku ukuba isiprofetho siyazaliseka, ngoko Wathi, “Sive sona.”

278 Unemeko yobuphakuphaku obukhulu ohlutshwa bubo, ubuphakuphaku. Kwaye unedlala, kwaye idlala lisemlenzeni wakho. Kunjalo, akunjalo? [Udade uthi, “Ewe.”—Mhl.] Ngoku uyakholwa? [“Ewe, mhle.”] Ngoko hamba indlela yakho, kwaye ukholwe. Kwaye, usakholwa, ngoko kuyakubanjalo kuwe.

279 Unjani? Andikwazi, kodwa uThixo uyakwazi. Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela iingxaki zakho? Jonga kum. Uneengxaki. Kodwa apha ngenene umele omnye umntu, kwaye ukwamnye nalowo wakhuliswa kunye nawe. Ngudade. Kunjalo. Ngoku uyakholwa ukuba uThixo angandixelela okungalunganga kulo dade wakho? Uyakuyamkela? Uneengxaki yentliziyo. Kunjalo. Uyakholwa uzakuphiliswa ngoku? Ngoko, ngokholo lwakho, makubenjalo kuwe.

280 Yiza, nenekazi. Unjani? Ukuba uThixo angandixelela iyintoni ingxaki yakho, okanye wenze ntoni, okanye into, ingakwenza lonto ukholwe? Uyayazi ukuba ndi... a—a—andikwazi. Iyakuba luphawu Lwakhe luzibonakalisa Ngokwalo kum, ngokweLizwi Alithembisileyo. [Udade uthi, “Ndizakukholwa nje.”—Mhl.] Uyayikholelwa lo nto? [“Ewe. Amen.”]

281 Ongomnye, uneengxaki njengomfazi okuleminyaka yakho, kodwa eyona ngcinga yakho ingomnye umntu. Umqweno wakho kuThixo; ufuna uThixo ungamfuneli wena, kodwa omnye umntu, uyindoda. Ngumyeni wakho. Kwaye uneengxaki yentliziyo. Uyakholwa ukuba Uya...uThixo uyakumphilisa? Hamba, yikholelwe. Kwaye, njengokuba uye wakholwa, ngoko kuyakuba njalo kuwe.

282 Ngoku, yabona, konke ukushumayela, kwala yure bendishumayela. I, nokuba ingaba ibiyintoni, abathathu okanye abane abantu bagqithile apha, ngoku kunzima ukuma kum apha. Yabona? Yabona, nje indimbane yonke ikhangeleka nje ingumgca wobisi, ngokujikelezileyo apha kulendawo. Yabona? UYesu wathi, “Amandla amkile Kum.” Kwaye ukuba umfazi omnye, ochukumisa ingubo Yakhe, kwakhupha amandla Kuye, kwaye Yena uNyana kaThixo; kubekelephi kum, umoni osindiswe ngobabalo Lwakhe?

283 Wathi, “Izinto Endizenzayo niyakuzenza nani. *EMininzi* nakule niyakuyenza.” Ndiyazi ukuba uKing James uthi, “emikhulu.” Kodwa xa uthatha inguqulelo yemvelo, ithi, “*EMininzi* kunale niyakuyenza.” Akukho unokwenza ngaphezulu. Wavusa abafuleyo, Wamisa indalo, kwaye wenza yonke into. Kodwa Wathi, “*EMininzi* kunale niyakuyenza, ngokuba Ndiya kuBawo.”

284 “Ihlabathi alisayi kuNdibona; kodwa nina niyakuNdibona, kuba Ndi...” Jonga, “Ndi,” Ndi—Ndi sisimelabizo somntwiso. “Ndiyakuba nani, ndibe kuni.” Ngoko, asingomntu. NguKristu.

285 Ndikutsho oko, ukuzidlikidla kancinane nje, ngendlela yokuzibuyisela emva. Wehla ndaweni ithile de emva kwethuba... Akukho ngelithuba xa usephezula *phaya*, okanye ezantsi *apha*; kuphakathi. Bangaphi abakuqondayo oko? Ndiyanazi ni—ninginga ukuba niyaqonda. Ndiyayiqonda, ndinjalo nam.

286 Ubusazi ukuba iimbongi nabaprofethi basoloko bephakuzela? Bangaphi abayaziyo lo nto?

287 Bangaphi abafunde ngo William Cowper, imbongi enkulu yamaNgesi? Uyazi, wabhala, “Kukho umthombo ozele iGazi, litsalwe emithanjeni ka-Imanuveli.” Emva kokuba ebhale langoma, weva ukuba kwenzeka ntoni kuye? Bendime ngasengcwabeni lakhe kungekudala. Wazama ukuzibulala, kwaye wazintywilisela emlanjeni.

288 Bangaphi abakhe beva ngo Stephen Foster, nika iMelika ezona ngoma zayo zoluntu? Wayenayo entloko kodwa hayi entliziyweni. Ngalo lonke ixesha intumakalelo ibisakumfikela, ebesakubhala ingoma. Kuze kuthi xa intumakalelo imshiyile, angayazi amakayenze ngesiqu sakhe, kwaye walahleka. Wa—wa—wayesekunxileni. Kwaye ekugqibeleni waphumayo kulontumakalelo, wabiza isicaka, wathabatha isitshetshe waze wazibulala. Kunjalo.

289 Jonga u-Eliya, umprofeti. Wenyuka apho waze wabiza umlilo ezulwini; wabiza imvula yezulu ngosuku lokuqala; waze wavala amazulu kwaye wenza konke oko. Ngoko xa intumakalelo yemkayo kuye, waya entlango waza wafuna ukufa. Kwaye uThixo wamfumana, emva kwamashumi amane entsuku, wangena emqolombeni. Kunjalo?

290 Jonga uYona, umprofeti. Emva kokunika umyalezo wakhe, wenyuka waza wahlala phantsi endulini, wacela uThixo ukuba amvumele afe. Uh-huh. “Mndulule umkhonzi wakho enoxolo.”

291 Abantu abayiqondi lo nto. Hayi, hayi, akunakho. Nam andinakuyicacisa, akukho namnye. Akunakumcacisa uThixo. UThixo akaziwa ngezophando lwenzululwazi. UThixo waziwa ngokholo. Siyamkholwa Yena. Ungamchaza njani? Iyakuba lukholo njani, nakanye? Simazi uThixo ngokholo.

292 Ibandla alinakuze lazi bunzima nakubulaleka, nokusebenza nezilingo, oko ndizama Ukukuzisa, uMyalezo. Uyayenza. Umvuzo wam awusuki bantwini.

293 Jonga apha, nenekazi. Ewe, ngokukhawuleza. La mfazi usibekelwe kukufa. UThixo akezi emfazini ngoko nangoko, ndiyabona... Akububoni obuya bumnyama babujinga jikelele kuye? Uzakufa, ngokuqinisekileyo njengelizwe. Apha kungekudala, bathatha umfanekiso wento enjengaleya, bayisa ekhaya. Wafumana ithunzi elimnyama lindanda phezu kwakhe. Usibekelwe kukufa.

294 Inenekazi elincinci belikhe labanoqhaqho. Kwaye koluqhaqho, babemqhaqhela umhlaza. Kwaye ngoku uneengxaki, zonke iindidi ze—ze, kulungile, nje ukuntsonkotha. Okunye, ubuthakathaka akunakuma. Enye into, oko kusuka kwisinyi kugqithisa ubovu. Ngoku, ukuze uyibone ukuba anditsho nje into. Yabona? Kulungile. Kodwa, nenekazi, ugqirha uzamile. Ndiyamncoma ngalonto. Kodwa, wayeliyeza, kodwa uThixo uyimpiliso. Uzakufa ngolohlobo. Wenze konke ebenokukwenza. Uyakholwa? [Udade uthi, “Ewe.”—Mhl.] Yiza apha, okomzuzu.

295 Ngesigunyaziso esinikwe mna nguThixo uSomandla, sangqinelwa yiNgelosi, ekhoyo ngoku ngemo yeNtsika yoMlilo, ndiyamohlwaya lomoya ungcilileyo othabatha ubomi balomfazi. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

Hamba, ukholwe ngoku. Ngako konke okukuwe, kholwa.

296 Unengxaki ebulala abantu abaninzi kunayo yonke enye into, ingxaki yentliziyo. Babanga ukuba sisifo esiphuma phambili, kodwa akunjalo, mhlekazi. Isono sisifo sokuqala sokukholwa. Uyakholwa ukuba Unakho ukuyiphilisa la ntliziyo akwenze uphile? [Umzalwana uthi, “Ndiyazi Unakho.”—Mhl.] Ngoko hamba, yikholelwe. UThixo akusikelele.

297 Ucinga ukuba uThixo angawuphilisa umqolo wakho akwenze uphile? Uyayikholelwa ngentliziyo yakho yonke? Hamba, yikholelwe, dade. Qaphela okwenzekayo kuwe, uyakubangcono.

298 Isifo samathambo nengxaki yentliziyo. Kodwa uyakholwa ukuba uThixo angakwenza uphile? [Udade uthi, “Ndiyakholwa.”—Mhl.] Ngentliziyo yakho yonke? [“Ewe, mhlekazi.”] Uyakuyamkela? [“Ewe, mhlekazi.”] Ngako oko njengoko uthe wakholelwa, yindlela ekuyakuba ngayo kuwe. Ngoku hamba, kholwa ngentliziyo yakho yonke, kwaye uThixo uyakwenza uphile.

299 Nawe unengxaki yomqolo. Uyakholwa ukuba uYesu Kristu angakwenza uphile? [Udade uthi, “Ewe, mhlekazi.”—Mhl.] Hamba ngoku, yikholelwe ngentliziyo yakho yonke. Andinakukuphilisa, yabona.

300 Ukudinwa, ubuphakuphaku, kwaye ukwanaso nesifo samathambo. Uyakholwa ukuba uThixo angangakwenza ulunge, akuphilise? Uyayamkela lo nto? Hamba, kwaye uyikholelwe, ngoko.

301 Kukugcina uhleli ngamaxesha amaninzi, ukukhohlela. Kodwa uThixo uyasiphilisa isifuba. Uyayikholelwa lo nto? [Umzalwana uthi, “Ewe, mhlekazi.”—Mhl.] Uyakholwa Uyakuphilisa ngoku? [“Ewe, mhlekazi.”] UThixo akusikelele. Enkosi, ngokholo lwakho.

302 Bekuyakuthini ukuba bendingathethanga nalizwi kuwe, ndibeke nje izandla zam kuwe, ubungakholwa? [Umzalwana uthi, “Ewe.”—Mhl.] Yiza apha. Ndibeka izandla zam phezu kwakho, eGameni likaYesu Kristu, kwaye sanga isifo samathambo singasuka kuwe. Simkile.

303 Yiza. Yiza, dade. Uyakholwa? [Udade uthi, “Ewe, mhlekazi. Bendiphilisiwe yiNkosi ngaphambili.”—Mhl.] Kulungile, kuyamangalisa oko. [“Haleluya!”] Ngoko uzuhambe udle isidlo sakho sangokuhlwa ngoko, kwaye isisu sakho siyakulunga. [“Haleluya! Haleluya! Haleluya!”]

304 Ingxaki ezininzi zomqolo, ibisoloko ikukhathaza ixesha elide. Hamba, kholwa u...Hamba, kholwa uzakulunga, kwaye uThixo uzakwenzela lo nto. [Umzalwana uthi, “UThixo wenzile. Amen.”—Ed.] Amen. Yilonto. [“Mayibongwe iNkosi.”] INkosi ikusikelele, mzalwana. Amen.

305 Iswekile asiyonto, kuThixo ukuba ayiphilise. Angabenza baphile. Uyayikholelwa lonto? [Udade uthi, “Kunjalo.”—Mhl.] Kulungile. Yamkele, kwaye uhambe umkholelwe Yena ngoku ngentliziyo yakho yonke.

306 Unayo nawe egazini lakho. Uyakholwa ukuba uThixo uyakwenza uphile? Hamba, yikholelwe ngentliziyo yakho yonke, uphile.

307 Uyakholwa Ukuphilisile ngokuya okuya kukuchukumisileyo? Wenzile.

308 Ingxaki yamanenekazi. Ingxaki yentliziyo. Uyayikholelwa? [Udade uthi, “Ndiyayikholelwa.”—Mhl.] Hamba, u—uphile eGameni likaYesu.

309 Uyakholwa ukuba uThixo uyakuwenza umqolo wakho uphile, izintso ziyaku...Sikelelwa! Hamba nje oko.

Andiphilisi. Andinakuphilisa. Andingomphilisi.

310 Ucinga ntoni xana Wathi malunga nomqolo wakhe, uyakholelwa nowakho waphiliswa, nawe? Kulungile, hamba nje, uyikholelwa, ngoko...Hamba nje uyikholelwa, ngentliziyo yakho yonke.

311 Nowakho ngokunjalo, uyakholwa ukuba uThixo ukwenze waphila? Hamba, yikholelwe, ngentliziyo yakho yonke. UThixo uyakukunika ukuba u...Kufuneka uyikholelwe, kananjalo.

312 Uyakholelwa ukuba uThixo uyakwenza uphile, nawe? [Udade uthi, “Mayibongwe iNkosi! Ngokuqinisekileyo ndinjalo.”—Mhl.] Kulungile. UThixo akusikelele. Shukuma nje kwaye ukholwe ngentliziyo yakho yonke.

313 Yiza, mhlekazi. Ichaphaza elidala elimhlophe lichaphazela phantsi. Uxilongo lwalonto luyakubonisa iswekile. [Umzalwana uthi, “Iswekile.”—Mhl.] Uyakholwa Uyakuwenza uphile? Masiye eKalvari yokuthiwa ngoku.

Ngokholo, eGameni likaYesu Kristu, wanga angaphiliswa. Amen. UThixo akusikelele, mzalwana. Kholelwa ngentliziyo yakho yonke. Uyakholwa? ["Ngqo yinyani."]

³¹⁴ Kumalunga naphi nabanye benu esihlweleni ngoku? Niyakholelwa ngentliziyo zenu zonke, ukuba uYesu Kristu ikwanguye izolo, namhla, naphakade? Niyayikholelwa lo nto? [Ibandla lithi, "Amen."—Ed.]

³¹⁵ Malunga naphi *kule* ngigqi? Elinenekazi lincinane lihleliyo, lijonge ngqo kum phaya, lihlutshwa yingxaki yamanenekazi, uyakholwa ukuba uThixo uyakwenza uphile? Linebhatyi nje encinci eluhlaza. Kulungile. Kholwa ngoku, uYesu Kristu ukwenze waphila. Injalo nje ukuba injalo.

³¹⁶ Inenekazi elihleli emva kwakho, inwele ezimnyama. Uthe, "Enkosi, Nkosi." Into ethile imchukumisile. Akayazanga ukuba Ibiyintoni. Ingxaki yesinyi imkile kuwe, uhleli kanye apho, kanye emva kwenenekazi uphiliswe nje ngoku. Ukuba uyakholelwa ngentliziyo yakho yonke apho, nenekazi. Kunjalo? Kulungile, phakamisa isandla sakho ukuba ufuna ukuyamkela. UThixo ukwenza uphile.

Malunga naphi ezantsi apha, mntu thile *apha*?

³¹⁷ Emva phaya esihlweleni, ngoku ukuzola ngenene. Sanukushukuma. Yabona, ezizifo ziyakuphuma komnye ziye komnye.

³¹⁸ Malunga naphi nawe, mhlekazi? Le ndoda indala ihleli apha esitulweni? Uyakholwa? Uyakholwa uThixo angakuphilisa? Isifo samathambo, kwaye unombefu. Uyakholelwa ukuba uThixo uyakukwenza oko kuphile? Unjalo? Kulungile, unganako oko ukucelayo. "Xa nikholwa!"

³¹⁹ Ucinga ntoni, nenekazi, elihleli ecaleni kwakhe? Uyakholwa, nawe? Uyakholwa? Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela ukuba yintoni ingxaki yakho? Ukude le kum. Kholwa nje Nguye ngoku. Uyakholwa ndikuxelele iNyaniso? Unxinzelelo lwegazi lwakho ngeqondo eliphezulu luyakuhla. Uyayikholelwa?

³²⁰ Uphakamise isandla sakho, nawe. Ubuzama ukumkhuthaza. Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela yintoni i. . . Ube ulungile ukuze umncede yena, ngoku uThixo uzakulunga ancede wena. Unengxaki kamoya ebisoloko ikukhathaza. Ukuba oko kulungile, tshangatshangisa isandla sakho *ngoluhlobo*. Izakusonjululwa ngoku. Uyenza ilunge.

³²¹ Bangaphi abakholwayo? Bangaphi kuni abaya ngokwe- . . . ongengomKristu, bene—imvakalelo yokuba uYesu Kristu ulapho ukhona, abanokuthanda ukuma ngoku, bathi, "Yesu, ndingathanda ukuzazisa njengomoni, Ungandixolela izono zam?" Yima ngenyawo zakho. UThixo akusikelele, mhlekazi. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele.

UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Yi...UThixo akusikelele, wena, wena, wena. Lo, Uyakubona. Ubhala igama lakho xa usenza lo nto.

³²² Apha enqwanqweni, yima, uthi, “Nkosi Yesu, ndifuna, ndifuna ukwaziswa. Ndifuna inceba ngomphefumlo wam.” UThixo akusikelele, mhlekazi. “Ndifuna inceba, Nkosi Yesu.”

³²³ Akuboni, sihlobo, Nguye apha? UThixo akusikelele, mfana omncinane. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele, nenekazi elincinane. Yeyona nto inkulu owakhe wayenza. Ngoku omnye ongekayenzi, phakama, uthi, “Ndifuna ukwaziswa, Nkosi Yesu. Ndiyazazisa, ngobubusuku.”

³²⁴ “Lowo uyakuzivuma izono zakhe, uyakuba nenceba. Lowo uzigqumayo izono zakhe, akayi kuphumelela.”

³²⁵ Unganakho, ebuKhwani Bakhe? UThixo akusikelele, nenekazi. Ndifuna...UThixo akusikelele. Ewe. Kwaye iNkosi ikusikelele. UThixo akusikelele, mhlekazi. UThixo akusikelele, nenekazi. INkosi ikusikelele.

³²⁶ Uthi, “Ingaba oko kunento okuyithethayo?” Phakathi kokufa nobomi, oko ngumahluko.

³²⁷ Ingaba uyabuqonda Ubukho Bakhe apha? Uyakuqonda oko? Ingaba uyakuva oko? Yabona, uyayibona Lo nto, uyayibona Isebenza. Nguye. Yilonto ngokuchanekileyo Athe Uyakuyenza. Uyayikholelwa? [Ibandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

³²⁸ Omnye umntu uthi, “Ndifuna ukuzazisa njengomoni, Nkosi. Undixolele izono zam ngoku.” Ukuba sowumile, phakamisa nje isandla sakho. Abanye benu ekujikelezini iindonga, phakamisani...UThixo anisikelele. UThixo anisikelele. Omnye umntu uthi, phaya enqwanqweni ngasemva, uthi, “Ndifuna ukuzazisa, Nkosi Yesu. Ndicela inceba, ngobubusuku, eBukhwani bobuNgcwele Bakho, ndikholelwa ukuba, kwaloThixo uyakundigweba, Ubukho Bakhe bulapha ngoku. Uyazi ukuba Uthetha nentliziyo yam kwaye undixolela ukuba andilunganga. Ndifuna ukuphakama ndize ndithi andilunganga. Ndiyakuvuma ukungalungisi kwam. Uyandohlwaya, entliziyweni yam.” Sesosizathu ndiwuyekile umgca wokuthandazela. UThixo anisikelele. UThixo anisikelele.

³²⁹ Ucinga ukuba ndiwuyekele ntoni? Ndiwuyeke kuba ndiyazi ukuba kufanele kwenzeke.

³³⁰ Ngoku, kukho abanye apha, aninakuma? Yimani nize nithi Into ithetha nentliziyo yakho, awulunganga. UThixo akusikelele, mhlekazi. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. “Andilunganga. Ndixolele, Nkosi. Ndiyazazisa. Ndimile, Nkosi, eBukhwani Bakho. Ndiyazi ukuba Ulapa. Ndi...Kufanele ukuba ulapha. Uthe lena iyakuba yi—yinto Oyakuyenza. Ngoku bendi...

Ndibone umqondiso, kwaye ndiyazi ubuchaziwe kum ukuba oko kufanele ukuba kube ngumqondiso walomhla. Ndiva iLizwi elibizela emva enguqukweni. Naku ndilapha, Nkosi. Ndiyawukholelwa umqondiso. Ndiyalisa iLizwi.”

³³¹ ILizwi lithetha nawe ngoku! Buya, Owu baphangaleleyo! Buya, Owu nkwenkwezi ebhadulayo! Buya, Owu wena ulahliweyo! Buya, ngobubusuku!

³³² Akunakubuya? Yima nje uthi, “Ndiyazazisa njengomoni, ndicela inceba.” Ungayenza lo nto, omnye umntu? UThixo akusikelele, nenekazi. UThixo akusikelele, phesheya phaya, nyana. Ukuba ndikuphosile, Akasokuze. UThixo akusikelele, nenekazi. Kulunge kakhulu oko. Kulunge kakhulu oko. Omnye umntu? Qhubekeka nje... Ndifuna ukubamba nje okomzuzu ubude, ngokuba ndisava umthwalo omncinane apha, yabona. Omnye umntu? UThixo akusikelele, nenekazi. Yilondlela yokuyenza. Yilonto. Omnye umntu, “Ndifuna ukuzazisa, ndiziphakamise nje ndize ndithi andilunganga. Ndicela inceba?” Ungayenza lo nto? Kulungile kamsinya phambi kokuba siqhubekele phambili, phakamani nithi, “Ndifuna ukuzazisa, Nkosi Yesu.” UThixo akusikelele, nenekazi elincinci.

³³³ Uyazi, mhlawumbi phambi kokuba ufike ekhaya, kodwa ngaxesha lithile okanye ngelinye kuyakubakho inkungu ebandayo eza ebusweni bakho. Mhlawumbi ngentsasa ethile ugqirha uyakuza aze ave ukubetha komthambo wakho uphuma emikhonweni yakho, akukho nto yimbi inokwenziwa. Ngoko uyakukuva ukubanda kwamaza okufa kundandela ebusweni bakho. Uyakukhumbula okwenzileyo.

³³⁴ Khumbula, abanakungcwabela nzulu kakhulu, abanakwenza nto kuwe. UThixo uthembisile, “Ndiyakukuvusa kwakhona, ngomhla wokugqibela.” Jonga. “Lowo uwavayo Amazwi Am aze akholwe kulowo Wandithumayo, unoBomi obunguNaphakade kwaye akasayi kuza eMgwebeni, kodwa udlulile ekufeni wangena eBomini.” Omnye umntu angakukuhla Oko ukuba unganakho. UYesu Kristu wayitsho Lo nto. “Lowo ukholwayo, oko, ukuqonda iLizwi Lam kwaye akholwe kulowo Wandithumayo, unoBomi obunguNaphakade, akasayi kuya eMgwebeni, ukohlwaya, kodwa ugqithile ekufeni waya eBomini.” Ngokuba, ukholelwa kuphela kwamzeleyo uNyana kaThixo, lowo uThixo wamvusayo, kumawaka amabini eminyaka eyadlulayo, kwaye usaphila apha, ngobubusuku, Ebonisa ezompawu Zakhe zovuko.

³³⁵ Angabakho omnye onokuma, emva koko, omnye uthi, “Ndifuna Ukuyamkela. Ndifuna ukumamkela Yena.” UThixo asikelele. UThixo akusikelele. Kulunge kakhulu, nenekazi elincinane. Lanto inesibindi. Ndifuna uqaphele.

³³⁶ Ndiqaphele isiguqo, apha kwixesha elithile eligqithileyo, abantu besiza, behlafuna itshungama, bebethana emacaleni.

³³⁷ Kodwa ukhe waqaphela ukunyaniseka okusebusweni babantu? Abafazana abancinci, nase mva kokubohlwaya ngenwele zabo eziphothiweyo, beqabe ubuso; benokwakuziqaba, nenwele eziphothiweyo, beme nje kanye ngokuyo, “Ndingumoni. Yiba nenceba kum, Thixo.” Leyo yila Mbewu elele phaya. UkuKhanya kudubule kuyo, kwaye bayayazi. UThixo akusikelele.

Masithobiseni iintloko zethu ngoku.

³³⁸ Ndifuna lonke ikholwa apha, elime ecaleni kwalamntu omileyo, libeke isandla salo phezu kwalamntu, (unganakho?), yena lowa umileyo. Bebemile ngakuwe. Ukuba ungumKristu, beka isandla sakho ngaphezulu, kudade, mzalwana, “Ndinesam isandla kuwe ngoku. Ndizakuthandaza.”

³³⁹ Bawo waseZulwini, kukho apha ngobubusuku abo ba—bakholwa Kuwe. “Enye imbewu iwela ecaleni kwendlela,” Uthi, “iintaka zeza zaza zayichola. Enye yawela kumhlaba owomileyo, nakumeva nenkunzane. Kodwa enye yaya kolungileyo, otyebileyo umhlaba.” Kwaye Ubukho Bakho obulapha, ngobubusuku, bonelise wonke okhoyo ngobubusuku ukuba Ungu Nyana kaThixo, ukuba Uyaphila kude kubephakade. Kwaye Uthembisile, ngokuba Uphila, singaphila nathi.

³⁴⁰ Nkosi Yesu, baphakamile kwaye bema njengamangqina okuba bayakukholwa Wena. Ngoku, Nkosi, ndiyazi Uyakubamela ngalo Mini. Siphe oko, Nkosi. Ndibanikezela kuWe, eGameni likaYesu Kristu. Banga bangaya kwinkonzo elungileyo baze babhaptizwe ngobhaptizo lobuKristu. Banga bangazibandakanya kunye neqela lamakholwa alungileyo. Banga bangagcwaliswa nguMoya oyiNgcwele. Banga bangaziimbasa zeNdaba Ezilungileyo, amatye anqabileyo kwisithsaba Sakho ngalo Mini. Kwaye ukuba andithanga ndiphinde ndibabone kwakhona kwelicala lalo Mini inkulu, ndanga ndingababona ngalo Mini njengakumbono, besithi, “Akundikhumbuli na? Kwakuse Baton Rouge, ngoba busuku, ndathi ndema.” Siphe oko, Bawo. Bangabakho, ngeGama likaKristu.

³⁴¹ Naku apha, kulele phambi kwam, ibhokisi yeetshefu, izihlangu ezincinane, amaquza, iitshefu, neempahla, namalaphu. Siyafundiswa, eBhayibhileni, ukuba bathabatha emzimbeni kaPawulosi oNgcwele, iitshefu namalaphu, imimoya engcolileyo yemka ebantwini. Ngoku, Bawo, siyazi ukuba asingoPawulosi oNgcwele, kodwa Usenguye uThixo, ngoko ndiyathandaza ukuba Uyakusinika iziphumo ezinye, njengokuba esisizukulwana sinyanisekileyo sikhohwa. Abazanga bakholelwe uPawulosi kuba wayengu Pawulosi; bakholelwa kuPawulosi kuba Wazazisa Wena ngoPawulosi.

Ngoku bakholelwa kwa into enye ngobubusuku, Nkosi, ukuba Waziswe phakathi kwethu, ngobubusuku. Kwaye ngenye imini, sithi i . . .

³⁴² Omnye umbhali wayesixelela, ukuba, “USirayeli wayesindleleni eya kwilizwe lesithembiso, lwaze uLwandle oluBomvu lwema endleleni, ukubanqamla bangayi kwilizwe lesithembiso.” Umbhali uthi, oko, “UTHixo wakhangela phantsi ngaloNtsika Yomlilo, ngamehlo anomsindo, xa Yayihamba phezu koSirayeli. Yenza ubumfama, ubumnyama kongakholwayo, nokukhanya kuSirayeli. Kwaye xa elaLwandle luBomvu lema endleleni, loyika, laze lazisongela ngasemva, waze uSirayeli wanqumlela kwilizwe lesithembiso kumhlaba owomileyo.”

³⁴³ Nkosi Thixo, khangela ezantsi ngobubusuku, ngeGazi likaYesu Kristu, uNyana Wakho. Njengoko ndibeka izandla zam phezu kwezitshefu; xa zibekwa phezu kwabagulayo, wanga uMoya oyiNgcwele, Nkosi, ukhangele phezu kwalamntu, kwaye sanga nesifo singemka kuye, kwaye banga banganqumlela kulo mhlaba wempilo elungileyo namandla. Oko, iBhayibhile ithi, “Phezu kwento zonke,” abazingwenelayo kukuba “siphumelele kwimpilo.” Siphe oko, Nkosi. Ndiyazithumela, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

. . . mna ndiyakulandela,
Apho Andikhokelela . . . (masicule nje)
. . . kumlandelela,
Ndiyakuhamba Naye, (ngoku Ubukho Bakhe
bulapha, masiMnqule nje ngengoma,
kamnandi) yonke indlela.

³⁴⁴ Ningayicula ngokwenene ngoluhlobo?

Apho Andikhokelela khona ndiyakulandela,
Apho Andikhokelela khona ndiyakulandela,
Apho Andikhokelela khona ndiyakulandela,
Ndiyakuhamba Naye, (ukuba unakho, ngoku
phakamisa isandla sakho), Naye yonke indlela.

Masiphakame ngoku, phakamisa izandla zakho kwakhona.

. . . Yena emyezweni,

³⁴⁵ Wonke umntu acule eMoyeni ngoku. Ngokwenene ukunqumla koMyalezo. Masimnqule Yena kuBukho Bakhe. Uyakuthanda Ukunqulwa.

. . . entsimini,
Ndiyakuhamba Naye entsimini,
Ndiyakuhamba Naye, Naye yonke indlela.

³⁴⁶ Ngoku masiyingqumshela. “Ndinga . . .” Ngoku xa usenza lo nto, ndifuna uxhawule isandla nomnye, uthi, “UTHixo akusikelele, mphambukeli. UThixo akusikelele, mphambukeli,” ngolohlobo. Sikunye omnye nomnye.

AmaWisile, namaBhaptizi, Rhabe, bakwaMoya, nonke xhawulanani ngezandla. “UTHixo akusikelele, mphambukeli.” Yilonto siyiyo: abaphambukeli.

. . . emyezweni.

³⁴⁷ UThixo akusikelele, mphambukeli. UThixo akusikelele. [Umzalwana uBranham nebandla bayaqhubeka bekhawulana ngezandla. Indawo engananto eteyiphini—Mhl.]

“ . . . myezweni.”


Ngoku masiphakamise izandla zethu.

Ndakuhamba Naye, Naye yonke indlela.

³⁴⁸ Masithobiseni iintloko zethu, ngokuthobeka, emthandazweni. Ungalibali, kusasa, sisikolo Secawa.

³⁴⁹ Ngenye indlela okanye ngenye, ndiva nje uBukho bukaThixo bungenene entliziyweni yam. Kuyinto enzima kakhulu kum ukushiya, ngobubusuku, ngenye indlela. Ndiva ukuba uMoya oyiNgcwele ukuba ukholisekile, ngobubusuku. Singahle sibe nentlanganiso enkulu ngomso, ndibabona abantu besiza kuKristu, uyabona. Omnye uyamangaliswa ukuba kutheni ndingasibizanga isiguqo. Ndiyalinga ndide ndikhokelelwe kuso. Yabona?

³⁵⁰ Ndiyathemba ukuba wonke umntu ophakamise isandla sakhe, okanye ophakamileyo, ndiyathemba ukuba uyakuba kwinkonzo elungileyo ngomso, thabatha indawo yakho phakathi kwamakholwa.

³⁵¹ Sisathobise iintloko zethu, sizakucela umlungiseleli apha aze ngaphambili, ukuba anganakho, ukusindulula. UThixo akusikelele ngoku, ngeentloko zethu neentliziyiyo zethu zithotywe phambi koThixo. 

ILIZWI LOMQONDISO XHO64-0321E
(The Voice Of The Sign)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngokuhlwa ngoMgqibelo, ku Matshi wama-21, ngowe-1964, kwiSikolo Samabanga Aphakamileyo iDenham Springs, eDenham Springs, eLouisiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2013 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
P.O. BOX 178, SOMERSET WEST, 7129 CAPE PROVINCE,
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org